



URhulumente
weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkubeko
nezemiDlalo

ISicwangciso sokuSebenza soNyaka

2019/2020

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni

**IsiCwangciso sokuSebenza
soNyaka**

wama-2019/20

4 kweyoKwindla wama-2019

IMBULAMBETHE

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni lenze inkqubela phambili ekukhuthazeni ukugqwesa nobandakanyo kwezemidlalo nenkcubeko ngokusebenza kakuhle nangokufanelekileyo izibonelelo zethu, nangentsebenziswano ezinzileyo. Ukuhambela phambili ngokubalasela nasekwenzensi iNtshona Koloni iziko lezemidlalo nenkcubeko yaseMzantsi Afrika, sihlala sizinikezele ekudaleni indawo efanelekileyo ukunyusa izinga lokufikelela, ukuthatha inxaxheba kwesininzi, uchongo Iwetalente nophuhliso Iwezakhono ukuphumeza umbono wethu woquko loluntu, isiphiwo sokuyila, esisebenzayo kwaneNtshona Koloni ehlangeneyo.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka sidandalazisa ngokubanzi amanyathelo amiselwego okuphumeza umbono wethu, umnqophiso kanye neenjongo zezicwangciso malunga nokujoliswe kuko kwendlela yokusebenza kusetyenziswa uhlahlo Iwabiwo-mali olubekelwe unyaka-mali wama-2019/20.

Ekuphumezeni iinjongo zezicwangciso zethu, siyayazi ukuba siza kuLangabezana nemingeni eliqela. Nangona kunjalo, ndinethemba lokuba eli Sebe liya kuqhubeka lilandela kwizigunyaziso zethu ukususela kubantu bonke baseNtshona Koloni ngenyameko, ngobuchule, ngokuthwala uxanduva, ngobulungisa, ngenguqulelo kanye nangokusabela.

Ngentsebenziswano yegalelo elivela kuluntu, kubasebenzi, kwabachaphazelekayo bangaphandle kanye namahlakani anobuchule, eli qhinga laphuhliswa ukuze lisebenze njengesikhokelo esisesikweni seSebe kunya ozayo. Ndijonge phambili ukubonelela ngokukhawuleza ulawulo Iwezopolitiko, olufunekayo ukumanyanisa iyantlukwano yaseNtshona Koloni ngokusebenzisa imicimbi yenkcubeko nezemidlalo.

ANROUX MARAIS, ILUNGU LEPALAMENTE YEPHONDO

UMPHATHISWA WESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO ENTSHONA KOLONI

KWEYOMDUMBA KA-2019

UTYIKITYO OLUSEMTHETHWENI

Thina, sityikitye ngezantsi, singqinisia ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- siveliswe ngabaphathi beSebe leMicimbi yeNkubeko neMidlalo bekhokelwa nguMphathiswa u-Anroux Marais;
- silungiselelwwe ngokuhambelana nesiCwangciso-qhingga sakutsha nje seSebe leMicimbi yeNkubeko neMidlalo; kwaye
- sibonisa ngokuchanekileyo ukwensiwa komsebenzi ekujoliswe kuwo eliyakuthi iSebe leMicimbi yeNkubeko neMidlalo lizame ukuwuphumeza ngezixhobo ezikhoyo kuhlahlo-lwabiwo-mali lowama-2019/20.

Shaun Julie

**UMlawuli woBuchule bokuSebenza noLawulo
IweNkxaso**

Utyikityo

Brenda Rutgers

IGosa lezeMali eliyiNtloko

Utyikityo

Brent Walters

IGosa elinika ingxelo

Utyikityo

Yamkelwe ngu:

Anroux Marais

Igunya elilawulayo

Utyikityo

IZIQU LATHO

ICANDELO

ICANDELO A: ISISHWANKATHELO ESICWANGCISIWEYO	8
1. Umbono	8
2. Umnqophiso	8
3. limpawu zentsulungeko	8
4. Izigunyaziso zomthetho nezinye	8
4.1 Izigunyaziso zoMgawo-siseko	8
4.2 Izigunyaziso zomthetho	10
4.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo	13
4.4 Izigwebo zenkundla ezifanelekileyo	36
4.5 Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiwego	37
5. Uhlahlelo lobume	38
5.1 Imeko ekusetyenzwa phantsi kwayo	40
Imuyuziyam, amagama eendawo, kanye neenkonzo zelifa lemveli	42
5.2 Ubume beSebe	54
5.3 Inkcazelو ngenqubo yesicwangciso-qhinga	58
6. Iziphumo ezisekelwe kwiinjongo zesicwangciso seSebe	59
7. Isishwankathelo solwabiwo-mali lowama-2019/20 noqikelelo lwe-MTEF	61
7.1. Uqikelelo lwenkcitho	61
7.2. Unxulumano lwenkcitho neenjongo zeziwangciso ezijolise kwiziphumo	61
ICANDELO B: IINKCUKACHA ZOMSEBENZI NGOKWEENQUBO	62
8. Inkqubo 1: Ulawulo	62
8.1. linjongo ezicwangcisiwego	63
8.2. Ekujoliswe kuko yinjongo yesicwangciso ngonyaka wama-2019/20	63
8.3. Ulawulo lomngcipheko	63
8.4. Ekujoliswe kuko kwimiqondiso yenqubo yokusebenza ngonyaka nangekota kowama-2019/20	64
8.5. Ekujoliswe kuko kulungelewaniso lokusebenza ngohlalho-mali ne-MTEF	65
9. Inkqubo yesi-2: IMicimbi yeNkcubeko	66
9.1. linjongo zesicwangciso	66
9.2. Ekujoliswe kuko ziinjongo zesicwangciso zonyaka kowama-2019/20	67
9.3. Ulawulo lomngcipheko	69
9.4. Izalathisi zenqubo yokwenza umsebenzi kanye nokujoliswe kuko ngonyaka nangekota kowama-2019/20	70
9.5. Okujoliswe kuko ngolungelewaniso lokusebenza ngohlalho lwabiwo-mali ne-MTEF	
73	

10.	Inkqubo yesi-3: liNkonzo zamaThala eencwadi nooVimba	74
10.1.	Iinjongo zesicwangciso	74
10.2.	Ekujoliswe kuko kwinjongo yesicwangciso sonyaka sowama-2019/20.....	75
10.3.	Ulawulo lomngcipheko	76
10.4.	Izalathisi zenkqubo yokusebenza nokujoliswe kuko ngonyaka wama-2019/20.....	77
10.5.	Ekujoliswe kuko lulungelelwaniso lokwenziwa komsebenzi nohlahlo Iwabiwo-mali ne-MTEF	81
11.	Inkqubo yesi-4: EzeMidlalo noLonwabo	83
11.1.	Iinjongo zesicwangciso	83
11.2.	Ekujoliswe kuko kwinjongo yesicwangciso ngowama-2019/20.....	84
11.3.	Ulawulo lomngcipheko	85
11.4.	Izalathiso zenkqubo yokusebenza nokujoliswe kuko ngowama 2019/20.....	87
11.5.	Ulungelelwaniso lokujoliswe kuko lokwenziwa komsebenzi ngohlahlo Iwabiwo-mali ne-MTEF	90
	ICANDELO C: UNXULUMANO NEZINYE IZICWANGCISO	92
12.	Unxulumano Iwezibonelelo zethuba elide kune nezinye izicwangciso ezinkulu	92
13.	IsiBonelelo soXhomekeko	92
14.	AmaQumrhu kaRhulumente.....	98
15.	Intsebenziswano phakathi kwamaqumrhu karhulumente namashishini abucala	98
	ISIHLOMELO A: UTSHINTSHO KWISICWANGICSO-QHINGA.....	99

Izifinyezo

ASGC	Umdlalo woTshintsho eMva kokuPhuma kweSikolo
ASP	INkqubo yaseMva kweSikolo
CASMIS	IMicimbi yeNkcukacha neNkqubo yeNgcaciso yoLawulo
CFO	IGosa eliPhezulu lezeMali
DAC	ISebe lezoBugcisa neNkcubeko leSizwe
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Ce-l	Iziko leNguqu yeKhompyutha
DORA	UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (ngonyaka)
DPSA	ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo
DSD	ISebe loPhuhliso IweNtlalo
EE	Ubulungisa eNgqeshweni
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
ECM	ULawulo IweMiba yoShishino
ERM	ULawulo loMngcipheko weShishini
GRAP	INDlela yokuBalwa kwemali eYamkelekileyo
GWM&E System	INkqubo yokuBeka iLiso kunye nokuHlola iNkqubo kaRhulumente
HR	IMicimbi yaBasebenzi
HWC	ILifa leMveli leNtshona Koloni
ICAN	UMnatha weNtsebenziswano kuFikelelo Iwe-Intanethi kuLuntu
ICT	Ingcaciso yoLwazi loBugcisa noNxibelelwano
ICMP	IsiCwangciso esiManyeneyo soLawulo IweNdalo
IDP	IsiCwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso
IIWG	I-IDP ye-Indaba yeQela eliSebenzayo
IGR	Ubudlelwano booRhulumente
JPI	Ilinge elihlangeneyo elicwangcisiweyo
M & E	UkuBekwa kweLiso noVavanyo
MEC	ILungu leSigaeba esiLawulayo (sePhondo) iBhunga loLawulo (uMphathiswa wePhondo)
MOU	IPhepha leNgqiniseko
MOD	UkuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi; iThuba noFikelelo; uPhuhliso nokukhula
MPP	ILungu lePalamente yePhondo
MTEF	ISakhelo seNkcitho seSithuba esiPhakathi
MTSF	ISakhelo sesiCwangciso seSithuba esiPhakathi
NAC	iBhunga leSizwe lezoBugcisa
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso IweSizwe: Umbono wama-2030
NGO	UMbutho ongekho kuRhulumente
NHC	iBhunga leLifa leMveli leSizwe
NHRA	UMthetho waMafa eMveli weSizwe, 1999
NO	UMphumela weSizwe

NSRP	IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo
PALAMA	IZiko loQeqesho lobuNkokeli noLawulo lukaRhulumente
PanSALB	IBhodi yeeLwimi zaBantu zoMzantsi Afrika
PLC	IKomiti yeeLwimi yePhondo ka-PanSALB
PFMA	UMthetho woLawulo IwezeMali zoRhulumente, 1999
PN	ISaziso sePhondo
PSG	INjongo yesiCwangciso-qhinga sePhondo
PWD	Abantu abaphila noKhbazeko
RLCP	IProjekthi yoThungelwano IwamaThala eeNcwadi asemaPhandleni
RSA	IRiphabliko yoMzantsi Afrika
SAHRA	I-Arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika
SAPLIS	IZixhobo zeLifa lemveli laseMzantsi Afrika
SASCOC	IKomiti yeeManyano yeMidlalo yoMzantsi Afrika neeOlimpiki
SCM	ULawulo IweNtengiso
SCMPP	INKqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi loLuntu IweSiyadlala
SDIP	IsiCwangciso soPhuculo loHanjiso IweeNkonzo
SDF	ISakhelo soPhuhliso IweNdawo
SMS	INKonzo yoLawulo oluPhezulu
SRSA	IMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika (isebe elinoxanduva lezemidlalo nolonwabo lesizwe)
SSMPP	INKqubo yokuThathwa kwenxaxheba luNinzi kwezeMidlalo yeSikolo
UAMP	IsiCwangciso soLawulo Iwee-Asethi ezisetyenziswayo
UCT	IYunivesithi yaseKapa
UCT GSB	Isikolo seziThwalandwe zoShishino seYunivesithi yaseKapa
UNESCO	UMButho weZizwe eziManyeneyo weMfundu, weNzululwazi neNkcubeko
UWC	IYunivesithi yaseNtshona Koloni
WC	INTshona Koloni
WCCC	IKomishini yezeNkcubeko yaseNtshona Koloni
WCED	ISebe lezeMfundu laseNtshona Koloni
WCG	URhulumente waseNtshona Koloni
WCPGNC	IKomiti yaMagama eeNdawo kwiPhondo laseNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yeeLwimi zaseNtshona Koloni
WOSA	INKqubo yeNtsebenziswano yoLuntu Lonke

ICANDELO A: ISISHWANKATHETO ESICWANGCISIWEYO

1. Umbono

INTshona Koloni ebambiseneyo, enobuchule nehlangeneyo.

2. Umnqophiso

Sikhuthaza ukusebenza ngenkuthalo nokuzimisela ngokuquka wonke ubani kwezemidlalo nenkcubeko ngokusebenza izixhobo zokusebenza ngokufanelekileyo, ngokuzinzileyo nangexesha eliililo, ngokusebenza ngokubambisana nabanye. Ukuqinisekisa ukusebenza ngokuzimisela, siza kudala iimeko zokufikelela nokuthatha inxaxheba kwesininzi sabantu, ukufunyaniswa kwetalente nophuhliso lwezakhono.

3. Impawu zentsulungeko

Ukukhathala, ubuchule bomsebenzi ukuthatha uxanduva, imfezeko, inguqulelo, kune nokusabela kwiumfuno zoluntu.

4. Izigunyaziso zomthetho nezinye

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) izithatha ngokuba ziyabophelela izindululo zomthetho ngengesisekelo sendlela yokusebenza, esebenza kakuhle nangokufanelekileyo, ngokulingana nokufikeleka konikezelo lweenkonzo, olusekelwe kumthetho kaRhulumente weNguqu kuNikezelo lweenkonzo zoluntu, iNyathelo le-Batho Pele. I-DCAS iseenza ngokwesigunyaziso sowiso-mthetho nomgaqo-nkqubo ochazwe kwitheyibhile engasezantsi.

4.1 Izigunyaziso zoMgawo-siseko

Icandelo	Inkcazelo
UMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo 6(3), (4) nele (5): ulwimi	URhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG), ubeka iliso aze anike imiqathango yokulawula ukusetyenziswa kweelwimi ngokusemthethweni. Zonke iilwimi ezisesikweni mazisetyenziswe ngokulinganayo nangentlonipho. IKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni (WCLC), ngokusebensana neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS), inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukusetyenziswa kolwimi ngokoMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni, owamiselwa ngowama-2001, kufuneka yenze ingxelo kwiPalamente yePhondo yeNtshona Koloni ngesi sigunyaziso kube kanye ubuncirane ngonyaka. I-DCAS yiyo ebeka iliso kwi-WCLC kwaye inika iKomiti inkxaso ngezolawulo nangemali.
Icandelo 30: Ulwimi nenkcubeko	IDCAS iququzelela ukuvula amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise iilwimi zabo babenethuba lokusebenza amalungelo abo ngeenkqubo namaphulo eliwaxhasayo
Icandelo 31: Ngokwenkcubeko, inkolo noluntu lwezolwimi	Kufuneka i-DCAS iqinisekise ukuba iinkqubo zayo namaphulo ayayihlonipha iyantlukwano yabantu baseNtshona Koloni.
Icandelo 41:	I-DCAS isebezisana ngokubambisana namanqanaba onke karhulumente. Ngokwemiyalelo

Icandelo	Inkcazelو
Imiqathango yokusebenzana nokubambisana koorhulumente	ethile egunyazisayo, i-DCAS isebezisana neSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko (DAC), kуне neSebe leMidlalo noLonwabo (SRSA), kwaye isebe lesizwe lezemidlalo nolonwabo lilo elijongene noxanduva); amaqumrhu orhulumente wesizwe nowephondo; kуне neyoomasipala eNtshona Koloni.
Icandelo 156(4): Unikezelo IwamaGunya	Kufuneka i-DCAS inike okanye igunyazise umasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeka kuyo nayiphi na imeko echaphazelekayo, ulawulo lomba okuluuhlu IweCandelo A IweShedyuli 4 okanye iCandelo A leShedyuli 5 ehambelana norhulumente wasekhaya, ukuba— <ul style="list-style-type: none"> • lo mba ungaphathwa kakuhle ngurhulumente wasekhaya, kwaye • umasipala unamandla unako ukuwuphatha. <p>I-DCAS iququzelela ukunikezela ngeenkonzo zamathala encwadi oluntu, okujongwe njengesindululo esibonelelwa kancinci ngemali. Ezi nkonozenziwa ngobambisano neSebe loLolawulo-mali leSizwe kуне neSebe lezoBugcisa neNkcubeko ngokweSibonelelo-mali esineMiqathango samathala oluntu apho kunikwa enye inkxaso evela kwingxowa-mali yembuyekezo kamasipala ekuLawulo-mali IwePhondo.</p>
Ishedyuli 4: linkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngokufanayo kuZwelonek nakwiPhondo	Imiba yeNkcubeko: <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS isebezisana ngokuhambisana ne-DAC kуне nemibutho elisebezisana nayo ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli. <p>Umgao-nkqubo wokusetyenziswa kweelwimi nokulawula ukusetyenziswa kwezinye iilwimi kangangokuba izibonelelo zeCandelo lesi-6 zoMgaqo-siseko zichaza ngokungathandabuzekiyo ukuba iPondo leNtshona Koloni linolwazi lowiso-mthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS isebezisana ngokuhambisana ne-DAC kуне nemibutho elisebezisana nayo ngokwemiba yomgaqo-nkqubo yokusetyenziswa kweelwimi.
Ishedyuli 5: linkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngo-kuzimeleyo kwiPhondo	Oovimba ngaphandle kwabo bakazwelonek: <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS igunyaziswe ukuba iyile umthetho kwiphondo malunga neendawo zokulondoloza iinkcukacha zakudala ezibalulekileyo ngaphandle kwabo bakazwelonek ukulawula indlela yokusebenza. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zokuLondoloza iNkcukacha eziBalulekileyo ephondweni laseNtshona Koloni. <p>Amathala eenkwadi ngaphandle kwalawo kazwelonek:</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS igunyaziwe ukuba iyile umthetho kwiphondo malunga namathala eenkwadi ngaphandle kwalawo kazwelonek ize ilawule ukuphunyezwa kwavo. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zamathala eeNcwadi ephondweni ize isebenze ngokuhambisana nabasemagunyeni kumathala eenkwadi ukunikezela ngeenkonzo neenkukacha kuluntu eNtshona Koloni. <p>liMyuziyam ngaphandle kwezo zikazwelonek:</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS igunyaziswe ukuba iyile umthetho wephondo othe ngqo malunga neemyuziyam ngaphandle kwalowo kazwelonek ize ilawule ukuphunyezwa kwavo. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zeMyuziyam zephondo, ngokusebenze ngokusondeleyo kуне neemyuziyam ezimanyeneyo ize inike inkxaso kwezi myuziyam. <p>Imiba yenkcubeko kwiphondo (iquka ulawulo Iwezixhobo zokusebenza ngelifa lemveli namagama eendawo):</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS inikezela ngeeNkonzo zeLifa leMveli eNtshona Koloni (HWC) – iguna elimiselwe ukujongana nezixhobo zokusebenza ilifa lemveli ngokuhambelana noMthetho weziXhobo zeMveli zekazwelonek, 1999 (NHRA) – kуне nabasebenzi nenxaso ngemali kwanenxaso encedisayo yezemali neyokuphatha ukuqhuba nokulawula isigunyaziso say somthetho. U-MEC [iLungu le (Phondo) leBhunga eliLawulayo] umisela iBhunga le-HWC kwaye wonyulwe ngengomntu onegunya leNtshona Koloni. • I-DCAS ibonelela iKomiti eququzelela aMagama eeNgingqi eNtshona Koloni (WCPGNC) ngenxaso esemgangathweni ukuze iququzelele umsebenzi ngokufakana imilomo noluntu malunga nemiba yokubekwa emgangathweni kwe, kуне neenguqu ku, kutshintsho Iwamagama. Lwakuba uthethathwano lugaqiyiwe, iKomiti yephondo yenza izindululo kwiBhunga lokuTshintshwa kwaMagama eNGingqi eMzantsi Afrika. <p>EzeMidlalo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS igunyaziswe ukuba incede ekudaleni isimo esifanelekileyo ukulungiselela imisebenzi yezemidlalo nolonwabo ephondweni.
Icandelo le-195: limpawu zentslungeko nemiqathango ezisisiseko kulafulo loluntu	Amagosa e-DCAS kufuneka bathobele oko kumiselwe licandelo le-195, elibonelela ngenkcazelо yeemfuno zentando yesinizi nemigaqo yokulawula ulawulo loluntu. Icandelo le-195(1)(b) lifuna indlela esebezay, nokukhuthazwa kokusebenzia izixhobo zokusebenza kakuhle. Oku kuquka iinkqubo ezenziweyo kwicandelo loluntu ekufuneka livelise iinzuzu ezinizi ngexabiso eziphantsi kakhulu.
Amacandelo lama-92 nele-133	Icandelo lama-92 lilungiselela ukuba amalungu eKabinethi ngokuhlangeneyo nangokuzimela nangokuzimela athwale uxanduva lokuphendula ePalamente ngokusebenzia amaguna awo

Icandelo	Inkcazelو
	<p>nendlela yokwenza imisebenzi yawo, kananjalo lichaza into yokuba kufuneka loo malungu anikezele iPalamente ngeengxelo ezipheleleyo yaye ezinikezelwa rhoqo ezibhekiselele kwimiba ephantsi kolawulo lwabo.</p> <p>Icandelo le-133 libonelela ukuba oo-MEC bephondo ngokuhlangeneyo nangokuzimela bathwale uxanduva lokuphendula kwiqumrhu lowiso-mthetho lesigqeba malunga nokusetyenziswa kwamagunya abo nendlela yokwenza imisebenzi yabo, kananjalo lichaza into yokuba kufuneka abo MEC banikezele iqumrhu lowiso-mthetho lesigqeba ngeengxelo ezipheleleyo yaye ezinikezelwa rhoqo ezibhekiselele kwimiba ephantsi kolawulo lwabo.</p>
UMgaqo-siseko waseNtshona Koloni, uMthetho woku-1 ka-1998	
Icandelo lesi-5	<p>Ngokweenjongo zoRhulumente waseNtshona Koloni:</p> <ul style="list-style-type: none"> • iilwimi ezisermthethweni nezizakusetyenziswa sisibhulu, isiNgesi kune nesiXhosa; kwaye • ezi lwimi zisetyenziswa ngokomgangatho olinganayo. <p>Kufuneka i-WCG, ngokusebenzisa umthetho nezinye iindlela, ilawule iphinde ibe liliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi kune nesiXhosa.</p> <p>Kufuneka kananjalo i-WCG iphumeze iindlela ezisebenzayo nezfanelekileyo ukuphakamisa umgangatho wokusetyenziswa kwezo lwimi zemveli zabantu baseNtshona Koloni omgangatho nokuthe ukusetyenziswa kwazo ngokwembali kwancitthiswa.</p>
Icandelo lama-70	<p>Kufuneka umthetho wephondo unikezele ngenkxaso-mali ebonakalayo kwizixhobo zokusebenza ezikhoyo zikaRhulumente weNtshona Koloni, zebhunga lezenkcubeko okanye amabhunga enkcubeko oluntu kwiphondo elabelana ngenkcubeko efanayo neyolwimi lwelifa lemveli.</p> <p>Ukubhaliswe nokuxhaswa kwamabhunga enkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni (WCCC) inikwe umsebenzi wakubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko abhalisiweyo. I-DCAS ijongene nokubeka iliso kwi-WCCC kwaye ibonelela ngolawulo nenkxaso kwezemali kwiKomishini.
Icandelo lama-81	<p>Kufuneka uRhulumente waseNtshona Koloni amisele aze aphumeze imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalo-ntle yoluntu lwephondo, kuquka imigaqo-nkqubo ejolise ekufezekiseni:</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukukhuthaza intlonipho yamalungelo enkcubeko, enkolo kune naweelwimi zoluntu lwaseNtshona Koloni; kune • nokhuseleko lolondolozo lwembali yezendalo, imbali yenkcubeko, neyenzululwazi ngezakudala kune nelifa lenzululwazi kwezokwakh eNtshona Koloni ukuze kuxhamle isizukulwana sangoku nesizayo. <p>I-DCAS iphumeza imigaqo-nkqubo ethile ukuxhala ezi zibonelelo.</p>
Icandelo lama-82	Imiqathango esisikhokelo yomgaqo-siseko wephondo kwiSahluko 10 (icandelo lama-81) ayisosinyanzeliso ngokomthetho, kodwa isisikhokelo kuRhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni nasekusebenziseni imithetho.

4.2 Izigunyaziso zomthetho

uMthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelو
uMthetho woLawulo loLuntu, wama-2014	uMthetho we-11 wama-2014	<p>Ukukhuthaza iimpawu zentsulungeko zesiseko nemithetho-siseko elawula ulawulo lukarhulumente ekubhekiselelw kwiCandelo 195(1) loMgaqo-siseko; ukubonelela ngokhutshelo nokubolekiswa kwabaqeshwa abakulawula lukarhulumente; ukulawula ukuqhutywa koshishino kuRhulumente; ukubo-nelela ngophuhliso lwamakhono noqequesho; ukubonelela ngokusekwa kweSikolo seSizwe sikaRhulumente, ukubonelela ngokusetyenziswa kwezobugcisa bengcaciso nonxibelewano kulawulo lukarhulumente, ukusekwa kweYunithi yeNkxaso yoBugcisa yoLawulo lukaRhulumente lweeMpawu zokuziPhatha, iMfezeko noLuleko; ukubonelela ngethuba lokuba uMphathiswa amilisele imilinganiselo nemigangatho ephantsi yolawulo lukarhulumente; ukusekwa kwe-Ofisi yeMigangatho noHambelwano lwemilinganiselo nemigangatho ephantsi, ukuxhotyiswa komphathiswa ukulungiselela ukwenza imimiselo; nokubonelela kwimiba enxulumene noko.</p>
uMthetho woLawulo lwezeMali, we-1999	uMthetho woku-1 we-1999	<p>uMthetho woLawulo lwezeMali zoRhulumente (PFMA):</p> <ul style="list-style-type: none"> • ujongene nolawulo lwemali yoorhulumente bephondo nokazwelonke, amaqumrhu adweliwiweyo, amaziko asemthethweni nezindlu zowiso-

UMthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
		<p>mthetho ephondo;</p> <ul style="list-style-type: none"> uqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, iasethi nezinto ezingamatyla kula maziko zilawulwa ngokufanelekileyo Kwaye uchaza uxanduva olunikwe abantu ngolawulo lwezemali kula maqumrhu.
UMthetho weNkonzo zoLuntu, 1994 (ngokulungisiwego, phakathi kwezinye izinto, uMthetho oLungisayo weNkonzo zoLuntu, 2007)	Isimemezelو se-103, Iphepha-ndaba loMbuso 15791, 3 kweyeSiliمela kowama-1994 noMthetho wama-30 ka-2007	Lo Mthetho wenza isibonelelo sequmrhu nolawulo Iwe-DCAS, ukulawula iimeko zengesho, ixesha lokuba sesikhundeni, indlela yokuziphatha, ukuziphatha, ukuthatha umhlala-phantsi nokukhululwa kwamalungu enkonzo zoluntu, nemiba ehambelana nazo
UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso, (ngonyaka)	Kukho uMthetho omsha unyaka nonyaka.	<p>Unyaka ngamnye, uMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (DORA):</p> <ul style="list-style-type: none"> umisela ukohlulahlulwa ngokulinganayo kwengeniso eyenziwe kumanqanaba karhulumente kazwelonke, awephondo nawezekhaya; ulawula isabelo esifanelekileyo phakathi kwamaphondo kwingeniso yephondo; kwaye wenza izabelo eziya kurhulumente wamaphondo, owammandla okanye omasipala, mali leyo ebe ivela kurhulumente wesizwe ephuma kwakuloo ngeniso, ngokuxhomekeke kwiimek <p>I-DCAS ifumana iziBonelelo-mali ezineMiqathango kurhulumente kazwelonke kwaye inoxanduva lokulawula le mali.</p>
UMthetho wokuKhuthaza uFikelelo kwiNkcukacha, 2000	UMthetho wesi-2 wama-2000	<p>Lo Mthetho unika ilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezisezandleni zorhulumente, amaziko karhulumente nakumaqumrhu azimeleyo. Phakathi kwezinye izinto, i-DCAS kune nalo naliphi na elinye iqumrhu lorhulumente nelo lizimeleyo kufuneka:</p> <ul style="list-style-type: none"> lenze incwadana yokufundisa ecacisela amalungu oluntu ngendlela yokufakwa kwezicelo zokufikelela kwiinkcukacha zolwazi ezisezandleni zequmrhu; kwaye liqueshe igosa eliya kujongana nezo nkukacha zolwazi ukuze liqwalasele ufilekeleko lolwazi olusezandleni zequmrhu.
UkuKhuthazwa koLawulo lwezoBulungisa, 2000	UMthetho wesi-3 ka-2000	<p>Lo Mthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> uchaza ngemithetho nezikhokelo ekufuneka abalawuli bazilandele xa besenza izigqibo; ufuna ukuba abalawuli babazise abantu ngamalungelo abo okuphonononga okanye ukubhena kwanelungelo labo lokufuna izizathu; kwaye unika abantu ilungelo lokucela umnjeni kwizigqibo zabalawuli enkundleni.
UMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998	UMthetho we-119 ka-1998	I-DCAS kufuneka iqhagamshelane, kwaye isebezisane namaziko abhengezwe ukuba ngawenkubeko kuzwelonke ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli.
UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko, 1983	UMthetho wama-35 ka-1983	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni, kwaye i-DCAS inoxanduva lokuthobela imiqathango yoMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso-mthetho), 1989	UMthetho wama -65 ka-1989	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni, kwaye i-DCAS inoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho.
UMthetho kaZwelonke woVimba wamaZiko kune neeNkonzo zeRekhodi zoMzantsi Afrika, 1996	UMthetho wama- 43 ka-1996	I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeeNgcebiso kaZwelonke yamaZiko oLondolozo lweeNkcukacha zakuDala eziBalulekileyo. ISebe likwanoxanduva lokuLangabezana nemimiselo nemigangatho ebekelwe uzwelonke phantsi kwalo Mthetho.
UMthetho kaZwelonke weBhunga lezoBugcisa, 1997	UMthetho wama- 56 ka-1997	I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga lezoBugcisa leSizwe (NAC), ukuze basebezisane kananjalo banxulumane ne-NAC, kwaye nakulawulo lweSibonelelo-mali se-NAC kwanokupuhulisa ubugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.

UMthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelو
UMthetho kaZwelonke weBhunga laMafa eMveli, 1999	UMthetho we-11 ka-1999	I-DCAS inoxanduva lokonyula umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga lezoBugcisa leSizwe (NHC), kwanokusebenziana nokunxulumanisa imisebenzi ephathelelene nokubonelela ngemali kwaneeprojekthi eziqhutuya yiNtshona Koloni.
UMthetho kaZwelonke weZixhobo zaMafa eMveli, 1999	UMthetho wama- 25 ka-1999	I-DCAS iqinisekisa ukuhambelana ne-NHRA ngokubeka iliso kuphakamiso-magama apho kuya kukhethwa umntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni, mhlawumbi ingalilungu leBhunga le-Arhente yeziXhobo zeLifa leMveli (SAHRA). I-DCAS ikwaqinisekisa ukuhambelana nomthetho ngokuba kufuneka u-MEC akhethe iBhunga le-HWC – libeligunya lelifa lemveli kwiphondo akhethwe ngokuhambelana ne-NHRA. ISebe linoxanduva lokuqhagamshelana nokusebenziana ne-SAHRA, i-HWC kanye noomasipala malunga nolawulo lwezixhobo zelifa lemveli. I-DCAS ikwancedisa u-MEC kwimiba yezibheno ezingeniswe kuye ezayamene nezigqibo ze-HWC.
UMthetho weBhodi yokuSetyenziswa kweelwimi eMzantsi Afrika, 1995	UMthetho wama- 59 ka-1995	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna ukuba iBhodi yokuSetyenziswa kweelwimi eMzantsi Afrika (PanSALB) imisele iKomiti yeelwimi zephondo (PLC) kwiphondo ngaline. I-PanSALB ineungu lokuqwaliasela i-PLC esele ikho njenge-PLC ye-PanSALB ukuba iyibona ikomiti njengommeli ofanelekileyo wolo lwimi banomdla kulo kwelo phondo. I-PanSALB inika ingxelo yomsebenzi weKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni njengomsebenzi we-PLC yayo yaseNtshona Koloni.
UMthetho weBhunga laMagama eendawo eMzantsi Afrika, 1998	UMthetho we-118 ka-1998	I-DCAS inoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nemimiselo yalo Mthetho ukuze konyulwe umntu oya kuba ngummeli wephondo leNtshona Koloni aze abe kwiBhunga laMagama eeNdawo yaseMzantsi Afrika; ukuphanda amagama eendawo eNtshona Koloni; ukuqinisekisa ngomgangatho; kuze, aphi kuyimfuneko, aququzelele ukubonisana noluntu malunga neenguqu eziphakanyisiveyo ngala magama. ISebe linikezela ngenkxaso esemgangathweni kanye nayo nayiphina enye inkxaso kwiKomiti ejongene naMagama eeNdawo. Yakuba igqibekile inkqubo yokubonisana noluntu, i-WCPGNC yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.
UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli kwiHlabathi, 1999	UMthetho wama- 49 ka-1999	I-DCAS inoxanduva lokonyula ummeli oyakuba kwiKomiti yeeNgcebiso ngeLifa leMvelo loMzantsi Afrika yeHlabathi. ISebe likwanoxanduva lokuhambelana nemimiselo yoMthetho kanye neNgqungquthela yezaMafa eMveli yeHlabathi malunga nokukhethwa kweziza zoLuhlu lweXeshana eMzantsi Afrika ngokuqwaliasela iKomiti yaMafa eHlabathi le-UNESCO.
UMthetho kaZwelonke wezeMidlalo noLonwabo, 1998	UMthetho we-110 ka-1998	UMthetho ubonelela ngenkuthazo kanye nophuhliso lwezemidlalo nolonwabo kanye nolungelewaniso lobudlelwane phakathi kwe-SRSA, SASROC (iKomiti ye-Olimpiki neManyano zeMidlalo zaseMzantsi Afrika) iimanyano zemidlalo, amabhunga ezemidlalo kanye nezinye ii-arthente. The Act further provides measures aimed at correcting imbalances in sport and recreation; promoting equity and democracy in sport and recreation; and providing dispute resolution mechanisms in sport and recreation.
UMthetho wokuKhuselwa kweeNkcukacha zoBuqu, 2013	UMthetho wesi-4 ka-2013	UMthetho ukhuthaza ukhuseleko lweenkcukacha zobuqu eziqhutuya ngamaqumru karhulumente nawabucala; ukumisela imiqathango ethile ukusungula iimfuneko ezingephi ukuqokelela iinkcukacha zomntu. Ukongeza, umthetho ubonelela ngokumiselwa koMlawuli weeNkcukacha ukwenza imisebenzi ethile yolawulo kanye nokwenza imisebenzi ethile malunga naloMthetho kwanokuKhuthaza uMthetho woFikelelo kwiiNkcukacha, 2000. UMthetho uqhubeka ubonelela ngokukhupha iindlela zokuziphatha; ngokwamalungelo oluntu malunga nonxibelewano nge-intanethi olungamkelekanga kanye nokuthathyathwa kwsigqibo okuzenzekelayo; ukulawula ukungena nokuphuma kweenkcukacha zobuqu okusasazeka kwimida yeRiphablikhi; kwanokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Umthetho wePhondo	Isalathisi	Inkcazelو
UMthetho weeLwimi zePhondo weNtshona Koloni, 1998	UMthetho we-13 ka-1998 (iNtshona Koloni)	iKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni yamiselwa ngokwaloMthetho, phakathi kwezinye izinto: <ul style="list-style-type: none"> ukubeka iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi kanye nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; ukwenza izindululo ku-MEC kanye nakwiPalamente yePhondo kwiziphakamiso okanye imithetho ekhoyo, inkqubo kanye nomgaqo-nkqubo ojongene ngqo okanye ngokungangqalanga osebenza

Umtetho wePhondo	Isalathisi	Inkcazelo
		<p>ngolwimi eNtshona Koloni;</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukukhuthaza ngokukodwa umgaqo wokusebenzisa iilwimi ezininzi; • ukukhuthaza ngokukodwa uphuhliso lweelwimi zemveli ezazisoloko zingaselwe so; • ukucebisa u-MEC neKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kwimicimbi emalunga neelwimi kwiPhondo; kwaye • ikwanika ingcebiso kwi-PanSALB malunga nemicimbi yeelwimi eNtshona Koloni. <p>I-DCAS ililiso le-WCLC kwaye ibonelela le Komiti ngenkxaso nolawulo lwezemali.</p>
UMthetho oLawula iiKomishini zeNkcubeko namaBhunga ezeNkcubeko, 1998	UMthetho we-14 ka-1998 (iNtshona Koloni)	<p>UMthetho umisela iKomiti yeNkcubeko yeNtshona Koloni uku, ngaphezu kwezinye izinto, uqwalasela ubhaliso nokurhoxa kwamabhunga enkcubeko amele uluntu kusabelwana ngelifa lenkcubeko nelolwimi ngendlela efanayo. I-WCCC iya kwenza iziphakamiso koku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • okuboniswayo, ubugcisa obubukelwayo nobokubhala;
IMimiselo yoLawulo lweZixhobo zokuSebenza iLifa leMveli eNtshona Koloni, 2002	PN 336 yomhla wama- 25 kweyeDwarha ka-2002	I-DCAS ililiso kwiLifa leNtshona Koloni – igunya lezixhobo zelifa zephondo elamiselwa ngokwe-NHRA – nelinika inkxaso yezolawulo nangemali kwi-HWC. U- MEC unoxanduva lokumisela igunya nokonyula iBhunga eliya kuba sesikhundleni ngokulandelelana. (Inenguqulelo yesiNgesi)
IMimiselo yoLawulo lweZixhobo zokuSebenza iLifa leMveli eNtshona Koloni, 2003	PN 298 yomhla wama-29 kweyeThupha ka- 2003	I-DCAS ililiso kwiLifa leMveli leNtshona Koloni – igunya lezibonelelo zephondo elamiselwa ngokwe-NHRA – nelinika inkxaso yezolawulo nangemali kwi-HWC. UMphathiswa unoxanduva lokumisela igunya nokumisela iBhunga eliya kuba sesikhundleni ngokulandelelana. (Inenguqulelo yesiBhulu nesiXhosa).
UMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi wePhondo leNtshona Koloni, 2005	UMthetho wesi-3 ka- 2005 (iNtshona Koloni)	Lo Mthetho umilisela iNkonzo yooVimba neeRekhodi wePhondo leNtshona Koloni ukuba kugcinwe irekhodi zoburhulumente nezingezozikarhulumente ezinexabiso lokuba zingasetyenziswa luluntu nabubuRhulumente; ukuzenza ezo rekhodi zifikeleleke; nokukhuthaza indlela oluzisebenzisa ngayo uluntu.
UMthetho weMyuziyam, 1975	UMthetho wesi-8 ka-1975 (iPhondo leKoloni)	I-DCAS inoxanduva lokukhawulelana nemimiselo yalo Mthetho njengoko ichaphazela iimyuziyam zephondo kwiNtshona Koloni. Umtetho omtsha wezeemyuziyam usayilwa ngokubonisana nabo bachaphazelekayo bathabatha inxaxheba.
UMthetho we-Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh), 1979	UMthetho we-11 ka-1979 (iPhondo leKoloni)	I-DCAS inoxanduva lokusebenzisa nokukhawulelana nemimiselo yalo Mthetho ukulawula imicimbi ye-Oude Kerk Volksmuseum e-Tulbagh.
UMthetho weNkonzo yeThala leeNcwadi wePhono, 1981	UMthetho we-16 ka-1981 (iPhondo leKoloni)	I-DCAS inoxanduva lokusebenzisa nokukhawulelana nemimiselo yalo Mthetho ngokubhekiselele kumathala eencwadi ephondo leNtshona Koloni.

4.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

UBUME BOMGAQO-NKQUBO WESIZWE

Ngelixa imizamo yeSebe isekuzimiseleni ukunyusa izinga lobandakanyo kwezentlalo kanye nokwandisa ifuthe lobume, ezi zihloko zesicwangciso zilandelayo ziza kugxila kwiindawo ekujoliswe kuzo ekuphuculeni umthelela wabemi kanye nefuthe loluntu:

AMATHUBA EZOQOQOSHO	INKCUBEKO	IBHONGO LESIZWE
<ul style="list-style-type: none"> • I-EPWP – amathuba omsebenzi • INkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo – 	<ul style="list-style-type: none"> • Amathala eencwadi – ukukhuthaza ukufunda eluntwini kwanokufunda kwanaphakade 	<ul style="list-style-type: none"> • I-MOD kanye neeNkqubo zuboMelwane eZikolweni • INkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo

<p>ukuvala ithuba lokungena</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-MOD kunye neeNkqubo zobuMelwane eZikolweni • EzeMidlalo, iLifa leMveli nezobunzululwazi bezinto zakudala, kunye nokhenketho lwenkcubeko • Amathuba omsebenzi kwezeMidlalo • Imeko yezoQoqosho kwiiNkcubebe • Imeko yezoQoqosho kwezeMidlalo noLonwabo 	<ul style="list-style-type: none"> • INkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo • I-MOD kunye neeNkqubo zobuMelwane eZikolweni • Isiqalo seNkqubo • Ubandalanya kwezelwimi nenkcubeko umz. nyusa izinga lokusetyenziswa kweelwimi zemveli ebezikade zisengelwe ngokwembali . 	<ul style="list-style-type: none"> • Imisebenzi yoBugcisa neNkcubebe • liMyuziyam • UManyano kwezeMidlalo • Oovimba
---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------	-----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------	---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------

Ezi zihloko zixhaswa zezindlela zilandelayo:

Inguqulelo

INkqubo yoPhuhliso IweDrama yeSebe yaphumelela iBhaso loBhedu kwiNkonzo yokuGqwesa yeNkulumbuso kowama-2018, kudidi "Iweyona nkqubo/projekthi izalisekiwego". Ikharityhulam yokupuhliswa kwedrama yenzelwe ukuvuza ubuqili kwaye oku kuye kwaphumela ekuveliseni kakuhle izinto ezinokukwazi ukunikezelwa kumaqonga amaninzi.

Inguqulelo eyenziwego ngamathala eencwadi kawonkewonke aphi amathala amaninzi eencwadi asebenza njengamaThala eencwadi anjongo-mbini zokuncedisa ukusilela kwamathala eencwadi zesikolo, ngelixa likwakhonza uluntu olukufutshane. ISebe liza kungena kubambiswano kunye ne-DEDAT yokwandisa amaZiko e-ICan ukuya kwiindawo ezssemaphandleni ngokusebenzisa iProjekthi yoQhagamshelwano IwamaThala eencwadi yasemaPhandleni. Le projekthi izakwenza ukusebenza kwenguqulelo ekhoyo yezibonelelo zipuhhliselwe iRLCP ngenjongo yokumisela amaZiko e-ICAN aza kubonelela amalungu oluntu ngoqequesho ekusetyenzisweni kweekhompyutha.

ISebe likwaqhube ka njalo ngenguqulelo kwiinkonzo zalo zooVimba. Oku kuquka ukuguqulela ilifa lemveli looVimba kwikhompyutha, uphuhliso lomsebenzi, ngokubhekiselele kwisivumelwano ISebe efikelele kuso nooVimba bakaZwelone baseNetherlands ukubonelela ngoqequesho kubagcini nbooVimba nakwamanye amaPhondo eMzantsi Afrika. Ngokongeza, iilkhosoi zoqequesho kulawulo Iweerekodi ze-intanethi ziyanikezwa, kunye nentsebenziswano neSebe leNkulumbuso, iKhosi yoBhaliso nge-Intanethi yooNobhala ipuhhlisiwe.

ISebe liphumelele iBhaso leGolide yeNguqulelo yeNkonzo yoLuntu kwiNkonzo yokuGqwesa yeNkulumbuso ka-2018 yeNkqubo yayo yaseMva kokuphuma kweSikolo. Ukongeza kule nguqu yabathathi-nxaxheba abaninzi phantsi kwale nkqubo, iSebe lidibanise ukucinga ngokutsha kumsebenzi walo kubandakanya ukuxhasa umngeni wenguqulelo kuluntu njengenxalenye yeNkqubo ye-YearBeyond kunye neenkqubo ezahlukeneyo ezenza izinto zengquesho yolutsha. Njengengxenyenye yokubonelela nge-ASPs, iSebe libonelele ngeenkonzo ezintsha zokubonelela ngeziseko kunye nezibonelelo ezisekelwe kwizigaba kwi-MOD nakwiiNkqubo zobuMelwane eZikolweni.

Umbono omtsha weSebe leeManyano zeMidlalo kube nokubandakanya koluntu kwiintlanganiso zohlololobeko-liso zonyaka kunye neeManyano. Oku kukhuthaza ukuthatha uxanduva, ukubeka iliso kunye nokuthatha inxaxheba.

iSebe liye lathatha indlela entsha yoku "Phuhlisa uBumelwane" kwezemidlalo, lisebenzisa ezolonwabo, ukuthatha inxaxheba kwesininzi, imidlalo yesikolo, kunye nobugcisa nenkcubeko njengendlela yokupuhlisa ubumelwane elubonelelayo:

- Uluvo lokuba ngumntu
- Ingqiqo yokuzazi
- Ukubandakanya kwezentlalo
- Umsebenzi wokuphila impilo enye ("iSizwe esiSebenzayo")
- Impembelelo yokuphumelela ("iSizwe esiPhumelelayo")

Le ndlela yoPhuhliso IoBumelwane ijlise ekupuhlisweni kolutsha oluphakathi kwabaza kuqala isikolo kunye nabo sele besesikolweni nabaphakathi kweminyaka emi-3 ukuya kwe-18 ubudala, kbumelwane obubalelw kwi-12 kwiPhondo lonke leNtshona Koloni. Ubumelwane ngabunye bugxinisa ekupuhlisweni kwabantwana abaselula nabakumaziko abantwana asele belungele ukufunda ngexesha lesikolo nemisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo. Oku kubandakanya ukudlala, imfundu yempilo, ukuzonwabis, imisebenzi ye-intra-ne-inter-school, inqanaba elilandelayo lokuthatha inxaxheba, ubuchule, nokusekelwe kwimisebenzi kunye nezobugcisa.

Embindini wobumelwane ngabunye, indlela yokwabelana ngezibonelelo iya kwamkelwa, apho izibonelelo ezisezikolweni ziza kuphuculwa okanye zipuhliswe. Ezi zibonelelo ziya kusetyenziswa luluntu Iwezikolo ezichaphazelekayo zobumelwane ngabunye kwi-12.

Kule nkqubo, ebandakanya ukufakwa kwezakhono zobomi kunye nemiyalezo yentlalo eyakhayo, kunye nendlela yokwabelana ngezibonelelo, ulutsha lobumelwane ngabunye kwi-12 luya kuba nendlela, izixhobo, kunye neenkqubo zenkxaso kangangeminyaka eli-15, eziza kubanceda babe ngabantu abaphuhlisiswe ngokupheleleyo, abathandi belizwe, kunye nokuba ngamalungu oluntu oluvelisayo.

Ukubonelela ngeenkonzo zasesiekweni/zasemaphandleni

Zonke iinkonzo zeSebe zibonelelw kwiindawo ezisesiekweni nasemaphandleni zePhondo.

Ngokusebenza iinkqubo zobugcisa, iinkcubeko kunye nelifa lemveli, iSebe liqinisekisa ukugcinwa kweenkcubeko kunye nelifa lemveli nokukhuthaza ubugcisa kwizithili zasemaphandleni namaziko eemyuziyam kunye neendawo zobugcisa njengamaziko.

Isebe libonelela ngamaphulo enkonzo yamathala eencwadi kwiindawo ezininzi zabantu basemaphandleni abangamakhulu ambalwa nangaphezulu. Uninzi Iwamaziko amathala eencwadi amancinci asemaphandleni abonelelw nge-intanethi yamahala ngokusebenza iProjekthi yoQhagamshelwano IwamaThala eencwadi zasemaPhandleni (RLCP). Kuninzi lolu luntu le yi-intanethi ekuphela kwayo efikelelekayo ekhoyo. Ukuqinisekisa ukuba abantu abangaboniyo nabangabonisiyo kakuhle kulo lonke iPhondo banokufikelela kwimpahla yokufunda mahala, iSebe ngokubambisana neThala leencwadi labangaBoniyo laseMzantsi Afrika iye yanabisela amaThala amaNcinci abangaboniyo ali-17, zisasazeka kwiindawo zasemaphandleni.

Ifuthe (iindawo) leNkqubo yaseMva kokuphuma KweSikolo ngama-55% asedolophini: ngama-45% asemaphandleni. Eminye imisebenzi eyahlukeneyo yezemidlalo nolonwabo iyenzeka kwiidolphu nakwiindawo ezesemaphandleni kulo lonke iPhondo. Upuhliso Iwasezidolphini nolwasemaphandleni lukwafakwe kuwo onke umsebenzi weSebe IoPhuhliso IweMidlalo, iiprojekthi kunye neenkqubo, umz. iNkqubo yoLonwabo, iNkqubo ye-MOD, kunye neNkqubo yeMidlalo yeSikolo. Apha, abathathi-nxaxheba, abasebenzi, kunye nolwabiwo luJoliswe ekuqinisekiseni ngokulingana ngokubhekiselele kupuhliso Iweedolphu namaphandle

Ukulingana ngokwesini

Inkqubo yoPhuhliso lomsebenzi woBugcisa Iujolise ngokukodwa kumaqela amabhinqa, kwaye zonke iimveliso eziphuhlisiwego zibonakaliswe kwiimyuziyam ezikhethekileyo kwiPhondo.

Amathala eencwadi oluntu ahlukeneyo abonelela ngeenkqubo ezijolise ekuxhobiseni abafazi ngokufunda nokubhala, kwaye abonelela ngenkxaso kwabasetyhini okanye amantombazana asesichengeni.

KwiNkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo, ama-51% kuma-81 103 yabafundi abazimasa rhoqo ngabasetyhini.

Indlela yokulingana ngokwesini ithathwa malunga nemisebenzi yoPhuhliso IweMidlalo, iiprojekthi kune neenkqubo, umz. iNkqubo yoLonwabo, iNkqubo ye-MOD, kune neNkqubo yeMidlalo yeSikolo. Apha, abathathi-nxaxheba, abasebenzi, kune nolonwabo zijolise ekuqinisekiseni ngokulingana ngokubhekiselele kwisini. Iimanyano zikwabonelela ngezemidlalo kwabasetyhini namadoda, kune namantombaza namakhwenkwe anganeno kwikhowudi nganye.

IMEKO YOMGAQO-NKQUBO KAZWELONKE

Ezona zicwangciso zixananazileyo zikazwelonke apha iqhinga leSebe liphendulayo ziziCwangciso zoPhuhliso lukaZwelonke kune neSikhokelo sesiCwangciso-qhinga saPhakathi eNyakeni (MTSF) kowama-2015-2019.

IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke sjolise ekupheliseni intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngo-2030 kwaye sinika isakhelo esicwangcisiwego sokukhokela iziggibo ezibalulekileyo nezenzo. Ibeka indlela ehambelanayo kune nenobubanzi ekujonganeni nobuhlwempu nokungalingani ngokusekelwe kwisishwankathelo sezi zinto zintandathu, eziqhagamshelanayo zingeantsi:

- Ukuhlanganisa bonke abemi baseMzantsi Afrika malunga nenkqubo efanayo yokufezekisa ukuphumelela nokulingana.
- Ukukhuthaza uluntu olusebenzayo ukuqinisa uphuhliso, ulawulo ngesininzi nokuphendula.
- Ukuzisa ukukhula ngokukhawuleza kwezoqoqosho, utsalo-mali oluphezulu kune nokuxhamla okukhulu kwabasebenzi.
- Ukugxininisa kwizixhobo eziphambil zabantu kune nelizwe.
- Ukwakha urhulumente onamandla kune nophuhliso.
- Ukukhuthaza ubunkokheli obuqinileyo kuluntu ukuba lusebenze kune ukuxazulula iingxaki.

Ukudibanisa bonke abemi boMzantsi Afrika malunga nenkqubo efanayo, i-NDP ithi "ubugcisa nenkcubeko zivula iindawo zolawulo zakuxubusha ngezinto apha uluntu luzifuma khona nalapho luya khona. Ukukhuthazwa ngempumelelo, amashishini adalayo kune nenkcubeko anganegalelo elikhulu kuphuhliso lwamashishini, amancinci, ukudala amathuba emisebenzi, kune nokuphuhliswa kwedolophu kune nokuhlaziywa".

Ukugxininisa kwiziphiwo eziphambil zabantu kune nezelizwe, i-NDP ithi "umdlalo udlala indima ebalulekileyo ekukhuthazeni ubume kune nentsebenziswano yentlalontle". Imidlalo ithathwa njengomcimbi wendlela enqumlayo kwi-NDP, ukufaka isandla kwimpilo kune nakulwakiwo lwasizwe.

UMbono wama-2030 wesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke ukwachaza ukuba ubugcisa, inkubeko kune nelia lemti libonelela ngamathuba okuqubisana nezipumo ezithetha ukuhlanganisana kwentlalo/ukubandakanywa kune nokwakhiwa kwsizwe.

Ngokuhambelana nesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke, urhulumente uphuhlise iSikhokelo sesiCwangciso esiphakathi eNyakeni (MTSF) esiyilelwé ukukhokela umgaqo-nkqubo kune neenkubo kwisithuba seminyaka emihlanu sowama-2014-2019. I-MTSF yibhlolo yokuqala elulwakhiwo seminyaka emihlanu ukuphumeza isiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonk. I-MTSF iqulathe iziphumo ezili-14 eziphambili:

Isiphumo sikaZwelonke 1	Imfundo yesiseko esemgangathweni
Isiphumo sikaZwelonke 2	Ubomi obude nobunempilo obulungiselelwé bonke abemi boMzantsi Afrika
Isiphumo sikaZwelonke 3	Bonkeabantu eMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva behkuselekile
Isiphumo sikaZwelonke 4	Ingqesho enesidima ngokusetyenziswa kokukhula okubandakanyayo
Isiphumo sikaZwelonke 5	Abasebenzi abanezakhono ukulungiselelwé ukuxhasa indlela yokukhula ebandakanyayo
Isiphumo sikaZwelonke 6	Uthungelwano lwezibonelelo zoqoqosho ezifanelekileyo, ezikhuphisanyo nezisabelayo
Isiphumo sikaZwelonke 7	Uluntu lwasemaphandleni olunodlamko, olunobulungisa, oluzinzileyo olunegalelo kukhuseleko lokutya kumntu wonke
Isiphumo sikaZwelonke 8	Ukuhlaliswa koluntu okuzinzileyo kune nokuphuculwa komgangatho wobomi basezindlini
Isiphumo sikaZwelonke 9	Umasipala osabelayo, othwala uxanduva, ofanelekileyo nosebenzayo
Isiphumo sikaZwelonke 10	Khusela uze wandise ii-asethi zokusingqongileyo kune nemithombo yendalo
Isiphumo sikaZwelonke 11	Banga uMzantsi Africa ongcono, i-Afrika engcono kune nehlabathi elingcono
Isiphumo sikaZwelonke 12	Inkonzo karhulumente efanelekileyo, esebezayeo nejolise kuphuhliso
Isiphumo sikaZwelonke 13	Ukhuselo lwentlalo
Isiphumo sikaZwelonke 14	Ulwakhiwo lwsizwe esifanayo, esintlantlo-ninzi nesibumbeneyo

Umnikelo WeSebe kwimpumelelo yeziPhumo zikaZwelonke ezili-14 zezi zilandelayo:

ISIPHUMO SIKAZWELONKE	UMNIKELO WESEBE
1	<p>Isahlulo esikhulu sohlahlo lwabiwo-mali seSebe sichithwa ekuboneleleni iinkonzo zamathala eencwadi nokuthenga izixhobo zamathala eencwadi ukuxhasa ukuphuculwa kwezipumo zokufunda nokubhala.</p> <p>INkubo ye-MOD ijolise kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo elungiselelwé abantwana abahamba isikolo. Ngoku kukho amaZiko asesikolweni e-MOD ali-181 kwiPhondo. Inxaxheba ethathwa ngumfundis</p>

ISIPHUMO SIKAZWELONKE	UMNIKELO WESEBE
	<p>kumaZiko e-MOD inceda ekuhanjweni kwasikolo kakuhle ngabafundi, indlela yokuziphatha komfundi, intsebenziswano kwakunye nokugcina abafundi benomdla wokuhamba isikolo. Ukongeza, abafundi beZiko i-MOD bafundiswa ngokusebenzisa ikharityhulam elungelelanisiwego nezicwangciso zezipundo ezijolise kupuhliso lwezakhono zobomi.</p> <p>ISebe liqhube ucwego lokwazisa ngoovimba beenkukacha ezibalulekileyo ezikolweni ukukhuthaza abafundi basebenzise izixhobo zoovimba ukongezelela kwizixhobo ezifundisa ngezemba nangenzululwazi ngokwakhiwa komhlaba.</p>
2	<p>ISebe likhuthaza imisebenzi yolonwabo nemidlalo kwiPhondo. Ulonwabo nemidlalo luhuthaza umsebenzi wentlalo yobomi obude. Izibonelelo zenkcubeko zePhondo zisetyenziswa zii-NGO, yimibutho yoluntu kunye namasebe karhulumente yemisebenzi yobugcisa nenkcubeko ukukhuthaza ubandakanyo kwezentlalo kunye nentlalo-ntle kwaye ibonise ulutsha kwimeko eyakuthi ibonelele ngobomi obungcono ngokubhekiselele kwizifo zentlalo ezigubungele uluntu lwethu.</p>
3	<p>IPhepha leNgcaciso ngoMthetho osaYilwayo lezeMidlalo noLonwabo (2012) liqaqambisa ukubaluleka kwezemidlalo ngeenzame zokunciphisa ulwaphulomthetho.</p> <p>INkubo ye- MOD iquka ikharityhulam elungelelanisiwego nezicwangciso zezipundo ezithi ngokunjalo zijolise kupuhliso lwezakhono zobomi.</p> <p>Abantwana abasexabisweni lokuba sesikolweni bathabatha inxaxheba kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwasikolo kumaZiko e-MOD asekwe kwisikolo, kungoko kusenziwa indawo ekhuselkileyo yokuthathwa kwenxaxheba kwimisebenzi ezele ulonwabo, umdlalo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkubeko ngokunjalo nemisebenzi yemfundo.</p>
4	<p>Ukubonelelwa ngemisitho engundoqo kukukhuthaza ukhenketho lwemidlalo. ISebe lesebenza nemibutho emanyeneyo yezemidlalo kwiPhondo ethi ifumane inkxaso-mali yemisitho engundoqo.</p> <p>INkubo ye-MOD ibonelela ngamathuba engqesho kubantu abaninzi abasuka ekuhlaleni. Inkubo ye-YearBeyond ibonelela ngamathuba obuvolontiya angaphezu kwekhulu kunyaka ngamnye kulutsha ngokuqhuba uqequesho lobunkokheli kunye neendlela zokungena engqeshweni. Ukuza kuthi ga ngoku ama-61 eepesenti kumaqela amavoluntiya angama-2016 aguqukele kwingqesho okanye ekufundeni yaza intsalela yabo yaqhubeka ngobuvoluntiya.</p> <p>Ukuxhaswa nokubonelelwa kotyelelo Iwezenkcubeko ngokwenziwa imibhiyozo kwiphondo lonke kuneaglelo ekudaleni imisebenzi.</p>
5	<p>Amathuba omsebenzi e-EPWP kwezenkcubeko nakumacandelo ezinto zentlalo anikezelwe. ISebe liququzelela amathuba omsebenzi kunye namathuba noxhotyiso olwahlukenyeyo ngokusebenzisa iinkubo ezijolise ekufumaneni kolutsha izakhono ukulungiselela ukuba bangene kwimarike yomsebenzi.</p>
6	<p>IPrekthi yoQhagamshelwano IwamaThala eencwadi zasemaPhandleni iyaphunyezwu kwaye ixhaswa kumathala eencwadi ezesemaphandlen. Le projekthi yensiwe yanomdla kakhulu ngokuphucula ufilelelo kubuxhakaxhaka bale mihla ne-Wi-Fi.</p>
7	<p>Amathala eencwadi asekiwe kwimimmandla yasemaphandleni enabemi abambalwa ukuze ibonelele ngofikelelo kwizibonelelo zethala leencwadi.</p> <p>ImiButho kwimimandla yamaphandle ixhaswa yiNkubo yoPhuhliso IwemiButho.</p>

ISIPHUMO SIKAZWELONKE	UMNIKELO WESEBE
	<p>AmaZiko e-MOD kanye neFama kanye/okany amaZiko ezoLonwabo loLuntu abonelela ngeenkonzo zemidlalo nezolonwabo kuluntu Iwasemaphandleni. AmaZiko e-MOD azemaphandleni afakwe kwinkqubo yesondlo.</p> <p>Ngokusebenzisa iinkqubo zalo zobugcisa nenkcubeko, isebe liqinisekisa ukuba ulondolozo Iwenkcubeko kanye nokukhuthazwa kobugcisa kwiinginqi zasemaphandleni.</p>
8	<p>ULawulo IweZixhobo zeLifa lemveli yinxalenye efunekayo ekucwangciseni nasekupuhhliseni ulawulo Iwezibonelelo. ISebe elinje, ngentsenziswano noomasipala, lijolise ekuqinisekiseni ukuba ilifa lemveli liyabandakanywa kucwangciso Iwedolophu nolwengingqi nophuhliso kwakwibakala lokuqala kwisicwangciso.</p> <p>Ubonelelo Iweendawo zemidlalo luququzelelwa ngabo bonke oomasipala kwakunye neemanyano zemidlalo ukwenzela ukupuhlisa nokudibanisa ezemidlalo kuluntu lonke ePhondweni.</p> <p>lindawo zenkcubeko zibonelela uluntu kanye nemibutho ngeendawo abanokuzisebenzisa ukuqhube imisebenzi ehambelana negunya leSebe.</p> <p>Inkcubeko yindlela yokudlulisa ulwazi, okulungileyo kwanexabiso loluntu. Inkuthazo nolondolozo lobugcisa nenkcubeko zifundisa ngenkcubeko ezzinzileyo yentlalo yoluntu ethi ibe negalelo ekuhlalisweni kwabantu ngokuzinzileyo.</p>
9	<p>Inkqubo yoLawulo IweeRekhodi lunchedisa kumaqumrhu karhulumente, kuquka oomasipala, ukulawula iirekhodi ukuphucula uthatho loxanduva kanye nolawulo olulungileyo.</p> <p>ISebe likwabonisa ukuzibophelela kulungelaniso IweIDP ngokusebenzisa uthethathethwano norhulumente wasemakhaya.</p>
10	<p>limyuziyam ezimanyeneyo zeSebe zibonelela ngeenkqubo zemfundo ezikhuthaza ukusetyenziswa okuzinzileyo kwemithombo yendalo. Ukongeza, iLifa lemveli laseNtshona Koloni lenza iindlela zokuhlanganisa imicimbi yezendalo nelifa lemveli kwindawo nakwinkqubo yesicwangciso sophuhliso.</p>
11	<p>Ukuxhaswa kohlanganiso Iwengingqi nezwekazi, inkqubo ye-Afrika Month yeSebe ikhuthaza iqhayiya lobu-Afrika ukunyanzelisa ubandakanyo Iwentlalo nokuphelisa uloyiko lokudibana nabantu basemzini.</p>
12	<p>Imidlalo nolonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangcisosikaZwelonke seMidlalo noLonwabo kwaye iinkonzo zihanjiswa ngentsebenziswano nemibutho yoluntu, iimanyano zezemidlalo, amabhunga ezemidlalo kanye noomasipala.</p> <p>Uphuhliso IwesiCwangciso soPhuculo loHanviso IweeNkonzo (SDIP) luqinisekisa ukuba iSebe lijolisa kwinkqubo yokwandiswa nokuphuculwa kweenkonzo ezichongiweyo.</p>
13	<p>Ngokusebenzisa iinkqubo zayo zobandakanyo kwezentlalo, iSebe landisa imigaqo-nkqubo yokhuseleko Iwentlalo ngokuthi linciphise ukuba sesichengeni kwabasetyhini, abantwana, amantombazanana, abaphila nokukhubazeka kanye nabadala ekuhlaleni ngokusebenzisa iinkqubo zenkcubeko nezemidlalo.</p>
14	<p>ISebe likhuthaza iintsulungeko zoMgaqo-siseko kanye nemibala yesizwe ngokusebenzisa imbiboniso, iinkqubo zoluntu, iincoko noluntu, iinkqubo zemfundo, ulawulo Iwezixhobo zelifa lemveli, uphuhliso lolutsha, imidlalo nolonwabo, kanye neenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo.</p> <p>iLifa lemveli laseNtshona Koloni, iCandelo likaRhulumente wephondo limiselwe</p>

ISIPHUMO SIKAZWELONKE	UMNIKELO WESEBE
	<p>ngokuhambelana noMthetho weZixhobo zeLifa lemveli kaZwelonke, linoxanduva ekuchongeni, ekukhuseleni, ekulondolozeni, ekukhuthazeni nasekulawuleni izixhobo ezibalulekileyo ezibonakalisa ulwabelwano lwethu ngeentsulungeko nangobuni.</p> <p>IKomiti yamaGama eNgingqi eNtshona Koloni ikhuthaza ubandakanyo Iwentlalo ngokusebeniza ulwazi nenkxaso yenqubo yokuthiywa/yokuthiywa ngokutsha kwamagama. Inkqubo ixhaswa ngamandla ziinkqubo zothatho-nxaxheba.</p> <p>Injongo yeKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni kukukhuthaza, ukukhusela nokupuhhlisa inkcubeko. linkqubo ezixhaswa yi-WCCC zijonge ekukhuthazeni nasekukhuseleni imisebenzi yenkcubeko, kwaye izimesele ukuncoma nokuhlonipha iinkcubeko ezahlukileyo kwiNtshona Koloni.</p> <p>Ngokusebeniza iinkonzo zokuguqulela nokutolika iSebe linegalelo kubandakanyo/nonamatheko Iwentlalo ngokuphucula uthungelwano kwiilwimi ezintathu zaseNtshona Koloni, kwaye iKomiti yeeLwimi zaseNtshona Koloni ibeka iliso kune nokuvavanya ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo woLwimi laseNtshona Koloni.</p> <p>Ngokusebeniza iinkqubo zokupuhhlisa nokukhuthaza ubugcisa nenkcubeko, iSebe libonelela ngamatheba kulutsha, abasetyhini, abantwana kune nabantu abaphila ngokukhubazeka abasuka kuluntu olwahlukeneyo ukuze basebenzisane ukufumana izakhono zobugcisa nezobomi. La mathuba alungiselelw abasesichengeni nababevinjiwe amathuba ngaphambili abonelela ngamaqonga obandakanyo Iwentlalo apho kuya kuqiniswa ubandakanyo/ulungelewaniso Iwentlalo kuluntu.</p> <p>limyuziyam zibhiyozela iintsuku ezahlukeneyo zesizwe zokukhumbula ngeeprojekthi zokufikelela kuluntu ezithi zikhuthaze ulungelelwao Iwentlalo. Imiboniso ibonisa ikakhulu imiba yeengingqiqi ebingazange yabonakalisa ngaphambili kune nengqokolela yembali yaseMzantsi Afrika, isenza igalelo ngakumbi kubandakanyo/nakubumbano Iwentlalo.</p> <p>Amathala eencwadi asebenza njengeendawo zoluntu akhuthaza kwaye axhasa ubandakanyo loluntu.</p> <p>Ulonwabo, iNkqubo ye-MOD, kune nemisebenzi yezeMidlalo yeSikolo ziyaqhube kaoomasipala abaninzi ngenkxaso yentlalo-ntle, unxibelewano kwezolonwabo nemidlalo kuluntu.</p> <p>Uluntu luyakhuthazwa ukuba lunikele ngembali yomlomgo ukulungiselela ubandakanyo Iwentlalo nokufumana ulwazi olungaphezulu olumalunga nelifa lemveli labo ngokufunyanwa kwezixhobo zoovimba ukuqinisa ubuni nobandakanyo Iwentlalo.</p> <p>Uthatho-nxaxheba Iwesininzi kwezemidlalo nolonwabo, nakwezobugcisa nenkcubeko lunegalelo ekwakheni ubuni bukazwelonke obufanayo kwiyanltukwano, nakubumbano loluntu kwaye iSebe liyalixhasa eli phulo lale ngcamango.</p>

Le migaqo-nkqubo nezicwangciso zikazwelonke zilandelayo zikwanxulumene negunya lomgaqo-nkqubo weSebe:


Umgaqo-nkqubo	Inkcazeloo
Imigao-nkqubo kazwelonke	Olu xwebhu lunikezela ngesikhokelo somgaqo-nkqubo kazwelonke nowephondo wobugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli, ithala leencwadi kune neenkonzo zovimba.

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
UMgaqo-nkqubo woLawulo IweeRekhodi zikaZwelone (iNcwadana yokufundisa ecacisa ngoMgaqo-nkqubo woLawulo IweeRekhodi, 2007)	Olu xwebhu lulawula imida ethile ekumaqumrhu oorhulumente kufuneka asebenze ngokolawulo Iweerekhodi zabo nangendlela elujonge ngayo ulawulo Iweerekhodi zamaqumrhu oorhulumente eNtshona Koloni.
Ukulawula iiRekhodi ze-Elektronikhki ezikumaQumrhu ooRhulumente: iMigaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neeMfuno (2006)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokelo kumaqumrhu oorhulumente ukuze akwazi ukuthobela imimiselo yomthetho malunga neerekhodi ze-elektronikhki neziyinxaIenye ebakulekileyo yolawulo Iwemithombo yeerekhodi. I- DCAS kufuneka ithobele imimiselo ebekiweyo nesebenzayo ekwimigangatho kazwelone neyehlabathi malunga ne-hardware, i-software kunye nokugcinwa kwezinto zokusasaza ukuze zilondolozwe kuvimba.
IsiBhengezo se-Indaba zeMidlalo noLonwabo sikaZwelone (2011)	Oku kufuna i-DCAS ihambelane neenjongo eziphambili zenkuthazo ezwangcisiweyo kwesibhengezo esibeka elubala umbono wezemidlalo nolonwabo kude kube ngowama-2020.
IsiCwangciso sezeMidlalo noLonwabo sikaZwelone (2012)	IsiCwangciso sezeMidlalo noLonwabo sikaZwelone (NSRP) sichaza umbono wezemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika kude kubengowama-2020, sigxinisa kwisizwe esisebenzayo nesiphumelelayo.
IPhepha leNgcaciso lezeMidlalo noLonwabo likaZwelone (2012)	Lo mgaqo-nkqubo uqaqambisa ezi zinyanzelo zilandelayo: <ul style="list-style-type: none"> • ukunyusa izinga lothatho-nxaxheba kwezemidlalo nolonwabo; • ukuphakamisa ixabiso lezemidlalo kukturtha-kruthwano leemiba etshisa ibunzi • ukwandisa okunga kungayimpumelelo kwimisitho emikhulu; kunye • ukubeka ezemidlalo phambili kwiinzame zokunciphilsa ulophulo-mthetho
ISikhokelo soMgaqo-nkqubo sikaRhulumente-jikelele seNkqubo yoMgaqo-nkqubo woBeko-liso noVavanyo (2007)	Injongo kaRhulumente-jikelele yeNkqubo yoBeko-liso noVavanyo (GWM&E) kukwenza igalelo lokuphucula ulawulo Iweequmrhu nokuphucula ukusebenza kakuhle kwamacandelo namaqumrhu azimeleyo. Olu xwebhu lubonisa ukuxanda kwesikhokelo somgaqo-nkqubo wobeko-liso novavanyo (M&E) eMzantsi Afrika. Lukhuthaza iziphumo ezigxile kwezolonwabo.
IPhepha loGayo-zimvo IokuSebenza nokuLawula uBeko-liso noVavanyo (2009)	Olu xwebhu Iujoliswe ekubenamagosa karhulumente akwazi ukusebenza nokuba igunya elilawulayo likwazi ukugxila ekuphunyezeni kweziphumo nasekuveliseni indima ebonakalayo ekhankanyiweyo kwisiKhokelo sesiCwangciso saPhakathi eNyakeni (MTSF). Lwenzelwe ukuba lukhuthaze indlela elunglelo yokwenza umsebenzi wesebe nowomntu ngamnye kuwo onke amanqanaba.
Izikhokelo zamaSebe kaZwelone nePhondo zolungiselelo IweSakhelo se-M&E	Ezi zikhokelo zibonelela ngophuhliso Iwesakhelo sobeko-liso novavanyo kuwo onke amaziko karhulumente ukuze amaziko abenako ukufikelela kwinqubela phambili malunga neenjongo zazo ukuze zithathe amanyathelo okulungisa aphiukho imfuneke. Le nkqubo idinga ukuba amasebe abe nengajqo ebanzi yazo zonke iinkqubo zeenkukacha zolwazi lolawulo, iisethi neenkukacha zolwazi lolawulo nemiqondiso yendlela yokusebenza. Imiqondiso kufuneka inxulunyaniswe kwizigunyaziso zomgaqo-nkqubo ofunekayo nohlahlelo Iweesethi Iwemiqondiso kufuneka luqhubeke ukuqinisekisa ukuba bukhona ubudlewane nemiphumela.
INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo (EPWP)	IziCwangciso zoShishino Iwe-EPWP seCandelo lezeNtlalo (iMidlalo) kunye neCandelo leZendalo neNkcubeko (iMicimbi yeNkcubeko) imisela ukuba i-DCAS isebezise icandelo lobonelelo ngemali ukunciphisa nokucutha intswela-ngaresho.

Izicwangciso	Inkcazelo
Izicwangciso zikaZwelone	
INkqubo yokuBuyiswa kwakhona kweenkonzo zokuphucula amathala eencwadi oluntu	Injongo yeNkqubo kukutshintsha iziseko ezingundoqo zamathala eencwadi oluntu Iwasemaphandleni nasezidolphini, amaziko neenkonzo (kuqalwe ngokujoliswa kuluntu ebeluhelelelele ngaphambili) kusenziwa oko njengenkqubo yokunika inkxaso kumgangatho wephondo kunikwa inkxaso yamaphulo oorhulumente bamakhaya nabakwazwelone. I-DCAS inoxanduva lokuphumeza nokulawula ngempumelelo iprojekthi yeNkxaso-mali eneMiqathango yaseNtshona Koloni.
IsiCwangciso soQoqosho IweGolden yoMzansi	I-DCAS inoxanduva lokuphumeza, ngentsebenziswano neSebe lobugcisa neNkcubeko likazwelone kunye namanye amaqabane nachaphazelekayo abangundoqo, ukulungiselelo amangenelo angundoqo athiwe theca kwisicwangciso seNtshona Koloni. IsiCwangciso, esijoliswe kumashishini oyilo nenkcubeko, sijonge ekuqwalaselni lobugcisa ukuba icandelo lobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli ziyanquuka kwaye indima karhulumente kukuyila imeko esebezayo aze axhase icandelo ukuze lisebenze ngokupheleleyo.

Izicwangciso	Inkcazelo
IsiVumelwano sokuQondana phakathi kweSebe leMfundu yeSiseko nezeMidlalo noLonwabo laseMzantsi Afrika (2018)	ISebe leMfundu yeSiseko (DBE) nezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (SRSA) zityikitye i "Sakhelo esimaneyo sezeMidlalo eziKolweni "apho amaqela azibophelelayo ukuba aza kuphumeza iinkqubo zentsebenziswano kwicala lezemidlalo ezikolweni ngokusekelwe kukwenzelana ngokufanayo nenzoso macala. Amaqela akwazibophelela ekubeni baza kukhuthaza kwaye baququzelele inkqubela-phambili nentsebenziswano phakathi kwamaziko amaSebe athile athathelwa ingqalelo.

Ngaphezu koko, iiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo IwaMazwe aManyeneyo zili-17 iinjongo ezingenambophelelo ezhambisana nesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke kanye nesiCwangciso -Qhinga sePhondo silandelayo:



UBUME BOMGAQO-NKQUBO WEPHONDO

IsiCwangciso-Qhinga sePhondo

IsiCwangciso-Qhinga sePhondo luludwe lweenjongo eziphambili kuRhulumente weNtshona Koloni, ukuthi thaca iziphumo ezicacileyo eziza kuphunyezwa kwisithuba esiphakathi enyakeni. Ezi njongo zibonisa izinto eziphambili ku-Rhulumente weNtshona Koloni kwaye ziisetenziselwa ukuqhuba ukusebenza okuhlangeneyo nokuphuculiweyo kwicandelo likarhulumente eNtshona Koloni.

liNjongo sesiCwangciso zePhondo zowama-2015 ukuya kowama-2019 zezi:



linkqubo zeSebe kanye namalinge asabela kwiiNjongo zesiCwangciso sePhondo zezi zilandelayo:

PSG UMNKELO WEPHONDO	
PSG 1	<p>ISebe landise uthelelwano ngeminyhadala namaziko emfundo ephakamileyo ukuyila imisebenzi engaphezulu namathuba oqequesho kumashishini oyilo ukulungiselela abathathi-nxaxheba kwinkqubo.</p> <p>Ewonke amathuba omsebenzi e-EPWP adalwe yiMicimbi yeNkcubeko angama-370 ngowama-2017/18 kwicandelo lenkcubeko.</p> <p>Ubonelelo lofikelelo kwi-intanethi, uthungelwano lomnatha ne-Wi-Fi namathala eencwadi kawonke-wonke.</p> <p>Ubonelelo Iwenkxaso-mali kubasebenzi bamathala eencwadi abangama-890 koomasipala.</p> <p>Amathuba omsebenzi adaliweyo kwicandelo lezemidlalo nolonwabo angama-813.</p>
PSG 2	<p>ISebe lisebenzisana namaZiko eMfundu ePhakamileyo ezulu ukuqinisa kwicandelo lophando namathuba oqequesho, kanye nokudibana abanezidanga namathuba omsebenzi. Ngokuthe ngqo, iSebe lisebenzisana ne:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ntlanganiso yamaqumrhu eMfundu ePhakamileyo yaseKapa ukomeleza uphando nobungqina obusekelwe kwinkxaso yeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo • UWC ukubonelela ulutsha oluvela kwimibutho efumene inkxaso ukuze lufumane uqequesho oluvunyiweyo lokufunda umculo • SU ukubonelela ngamathuba obunkokheli namanye amathuba obugcisa kumavoluntiya enkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo • Ziko ekuthiwe yi-Bertha lase-UCT GSB ukubonelela ngekhosi yexeshana ukukhokela intsebenziswano ehlangeneyo yeenkokheli kwicandelo lemfundu elandisiweyo <p>Uboniswano namaziko emfundo ephakamileyo malunga namathuba omsebeni kwicandelo lelifa lemveli. Oku kuquka icandelo lemfundu yobunzululwazi ngokwakha, ubunjinel, umthelekeleli wobungakanani, kanye nezobunzululwazi ngezakudala.</p> <p>Izixhobo zethala leencwadi, kuquka izixhobo ngekhompyutha, ziyathengwa. Amathala</p>

eencwadi akhuthaza ukufunda ngokubanzi. Uphando lubonisa ukuba ukusebenzisa amathala eencwadi kawonkewonke kungakhokelela ekuphuculen iziphumo zemfundo/amanqanaba okufikelela.

iSebe liqhuba ucwego lokufundisa ngoovimba ezikolweni ukukhuthaza abafundi ekusetyenzisweni kwezixhobo zoovimba ukongeza kwimfundu yembali nobunzululwazi ngokwakhiwa komhlaba.

iSebe lisebe elikhokelayo kwinkqubo yoTshintsho yaseMva kokuphuma kweSikolo kwaye libonelela ngeenkqubo zaseMva kokuphuma kweSikolo, ezizezi, imidlalo ye-MOD, iinkqubo zobugcisa nenkcubeko, kanye neenkqubo zemidlalo ezikolweni ezisebumelwaneni, ukongezelela ekusebenzeni kanye neemyuziam namathala eencwadi ukudala amathuba kwabasele besishiyile isikolo. Njengenxaleny yeNkqubo yoTshintsho yaseMva kweSikolo, iSebe liliquzelela umsebenzi weSebe leMfundu, iSebe loPhuhliso loluntu, uKhuselo loluntu, iSebe leNkulumbuso, kanye neSixeko saseKapa ukuqinisekisa ukwandisa ufikelelo kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo apho abafundi bangenako ukuhlawula okanye abanokuhlawula kancinci. Inkqubo ikwasebenza nabachaphazelekayo abangasuki kurhulumente ngokusebenzisa uMbutho woLuntu wee-NGO.

iSebe likwabonelela ngeenkampu zolutsha, uthatyatho-nxaxheba ikakhulu kwimisitho equuzelelweyo yezemidlalo nolonwabo, amavolontiya, nabafunda besengqeshweni, ukhuphiswano Iwezikolo, (kuzwelonke, kwiphondo, kwisithili nakwingingqi). Ngentsebenziswano neSebe leMfundu laseNtshona Koloni, iSebe libonelela ngamathuba kubantu abatsha abangena emisebenzini kusetyenziswa inkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo.

linkqubo zemfundo ezinikezelwa kwiimyuziyam ezhlanganeyo zilungiselelaniswe nekharityhulam esesikweni enikezela ngamathuba kubafundi ukuba bandise amava abo emfundu.

iSebe liye laqinisekisa ngenkxaso kwimibutho ebonelela ngoqequeso, ngophuculo Iwezakhono namathuba emisebenzi kulutsha obeluvijnje amathuba phambilini ezibonelelo zenkxaso-mali kwezobugcisa.

Amathuba ophuhliso namaqonga emiboniso ayilelw imibutho ngokusebenzisa inkqubo yobugcisa nenkcubeko.

iSebe libonelela ngenkxaso kwiimyuziyam ezixhaswayo ngokuhlawulwa kwenkxaso-mali yezbonelelo. Ngaphezu koko, iSebe lixhasa amagosa ukuze asebenze kwiphondo nakwiimyuziyam ezixhaswa liphondo. iSebe liquuzelela uphuhliso Iwemiboniso, ezemfundu kanye neenkqubo zoluntu ezijolise kwimbali yabantu baseNtshona Koloni malunga nokukhuthaza ubandakanyo Iwentlalo nobumi obusebenzayo.

IKomiti ejongene nokuthiywa kwaMagama eeNgingqi yePhondo leNtshona Koloni, ngemizamo yokuqinisekisa nokubeka emgangathweni iimpawu zeendawo ezinegalelo kubandakanyo phakathi kwabemi baseNtshona Koloni.

linkonzo zethala leencwadi landiswe ngokumisela amathala eencwadi amatsha kanye nokuthengisa iinkonzo zethala leencwadi.

iSebe likhusela libonelele ngofikelelo kuvimba welifa lemveli uquka amabali omlomo, kumalungu oluntu ukuphucula ubandakanyo Iwentlalo. The Department preserves and provides access to archival heritage, including oral histories, to community members to enhance social inclusion. Uguquelo Iwezixhobo zoovimba kwikhompyutha kuqakuquzelwa ngokukhawuleza kwaye kufikeleleke lula kuvimba welifa lemveli kubo bonke abantu. Imfundiso ngoovimba kanye neenkqubo ezifikelela eluntwini ziqhutywa ezikolweni nakuluntu ukukhuthaza ubandakanyo Iwentlalo kanye nokwandisa ulwazi ngoovimba.

Abaxhamli benkxalo-mali ngonyaka ngamnye banikwa ithuba, ngokwenziwa

	<p>kweenqubo zobugcisa nenkcubeko, ukuze bakwazi ukuchaza iimvakalelo zabo, ixabiso, iinkolelo, ukudala imifanekiso ebonakalayo, kwanokubonisa okuyinyaniso ngokusebenzisa ubugcisa.</p> <p>Inkqubo yokuQatshelwa koSuku lwe-Afrika ijolise ekusetyenzisweni kwezobugcisa njengento elicebo elinamandla ekwenzeni ubudlelwane kune neliZwekazi lonke kwanokuqaqambisa izinto ekufanwa ngazo zizizwe zaseAfrika ngeli xesha kubhiyozelwa ukungafani.</p> <p>INkqubo yolwaluko iqinisekisa ukugcinwa kweli siko libalulekile lihlomitshwa kwaye lisenzelwa kwiimeko neendawo ezifanelekileyo nezikhuselkileyo kubekwe phambili impilo yabakhwetha.</p> <p>ISobe linegalelo ekugcineni impilo entle ngokubonelela ngeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo, iinkampu zolutsha, uthatho nxaxheba ukulungiselela imisitho yezemidlalo nolonwabo, amavolontiya, abafundi abasengqeshweni, ukhuphiswano lwezikolo, (kuzwelonke, kwiphondo, kwisithili, nakwingingqi), i-BTG, iiNkqubo zeMpilo-ntle kune nezeMithambo ePhondweni. IMidlalo yeSikolo inegalelo ekunyuseni izina lentlalo-ntle kubantwana nakulutsha.</p>
PSG 4	<p>ULawulo lweZixhobo zeLifa lemveli luyinxalenye efunekayo ekucwangciseni nasekulawuleni uphuhliso lwezibonelelo. Ngako oko, ISobe, ngentsebenziswano noomasipala, lijunge ekuqinisekiseni ukuba ilifa lemveli lidityaniswa kwidolophu nakwisigcwangciso senginqi kune nophuhliso kwakwibakala lokuqaa.</p> <p>ISobe liyaqhube ka ngothethathethwano noomasipala ukunikezela nenkonzo ebanzi yethala leencwadi.</p> <p>Ngokunikezela ngendawo yokubonisa imveliso, ubugcisa, inkcubeko nolwimi olusakhulayo lwenza umdra kumntu ngamnye kune nokukhuthaza imeko efanelekileyo yokuhlonipha ukwahlukana ngokwezentlalo kune nenkcubeko.</p> <p>Ukuphucula nokwenza aMaziko eNkqubo asetyenziswayo nangakumbi ngokukhuthaza uqhagamshelwano kune noluntu ekuhlaleni ngokukhuthaza ufikelelo kumntu wonke.</p> <p>AMaziko ezeMidlalo noLonwabo afaka igalelo kupuhliso oluolangeneyo lokuhlaliswa koluntu kwaye kwezi nzame ISobe libonelela ngenkxaso-mali koomasipala ngophuhliso lwezibonelelo lize livumele izicelo ze-MIGezifakwa ngoomasipala.</p>
PSG 5	<p>Ukuthabatha inxaxheba kwiinkqubo ze-IDP ne-SDF zeSebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso nooMasipala ubudlelwano boorhulumente basemaKhaya.</p> <p>ILifa lemveli leNtshona Koloni ithethathethana noomasipala malunga nolawulo lwebakala lesi-3 seixhobo zelifa lemveli kwaye liyakuqhube ka ukuthethana kune neSebe leMicimbe yeNdalo kune nesiCwangciso soPhuhliso malunga neenkqubo zoPhando ngeFuthe kwezeNdalo.</p> <p>liNkonzo zeeLwimi zinegalelo kulawulo olululo kwaye ukuhanjiswa kweenkonzo edibeneyo ngokubonelela ngenkxaso yenkonzo yoguqulelo, ukuhlela nokutolika kwisebe likarhulumente wephondo nakumaQumrhu kaRhulumente.</p> <p>ISobe lifaka isandla kulawulo olululo kune nokuhanjiswa kweenkonzo edibeneyo ngokunikezela ngenkonzo yoLawulo lweeRekhodi elisebenzayo kumaqumrhu oorhulumente kwiNtshona Koloni.</p> <p>Imisebenzi yobugcisa nenkcubeko yeSebe kune neenkqubo isekelwe ekubambiseni intsebenziswano kune noomasipala, nemibutho yobugcisa nenkcubeko uze ufunxe ulwazi koochwephetshe nakwizixhobo kurhulumente wephondo ukujinisekisa ukudityaniswa kohanjiso lweenkonzo kuluntu.</p> <p>Amabhunga neemanyano zezemidlalo zizinzisiwe kwaye zifumana inkxaso kwii-MOA, ii-</p>

MOU, ii-SLAs, ii-Trilaterals, ngamnye-ngamnye, iintethwano ne-IDP, neentlanganiso zekota.

Oomasipala bafumana inkxaso-mali evela kwiSebe (isiBonelelo soXhomekeko, iNkxaso-Mali yeMbuyekezo kaMasipala kanye nesiBonelelo seThala leeNcwadi lesiXeko). Lenkxaso-mali incedisa oomasipala ukuxhasa ngenkcitho yabasebenzi, imisebenzi eyenziwayo kanye/okanye inkcitho enkulu kumathala eencwadi.

ISebi linoMqulu weNkonzo omiselwe indawo ethile kwaye iphuhlisa okanye ihole isiCwangciso soPhuculo loHanjiso lweeNkonzo ngonyaka. INgxelo yoNyaka eya eluntwini iphuhlisiwe ukunyusa izinga lokufikelela kuko konke okwenziwa liSebe.

Nangona iSebe lingenelela ngokungathanga ngqo kuzo zonke iiNjongo zesiCwangciso sePhondo, lijongene ngqo neeprojekthi ezikwi-PSG zesi-2 nezesi-3. liprojekthi ze-PSG zeSebe (izalathisi) zezi:

IINJONGO ZESICWANGCISO SE-PSG KWI PSP	IMIQONDISO YE-PSG YE-DCAS	IMIQONDISWANA
PSG 2		
Ukuphucula iziphumo zemfundo, ukugcina, ukuziphatha kolutsha kwanamatuba othethathethwano olufanelekleyo	Inani labafundi bezikolo apho kungahlawulwayo okanye ekuhlawulwa kancinci kuzo ukuze bafikelele rhoqo ngokukhuselekleyo, umgangatho weenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo	Kuquka igalelo leNkqubo ye-MOD, iNkqubo yeZikolo eziseBumelwaneni, kanye namanye amasebe ephondo, oomasipala, kanye namaqabane e-NGO.
i-PSG yesi-3		
Yakha ubumbano, ukhuseleko kanye noluntu oluphilleyo	Uthatho-nxaxheba kwimisabenzi yezenkcubeko	<p>Iquka lemisetenzana ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> a) Inani lamathuba otyeletlo lwabaphandi koovimba b) Inani labasebenzisi bethala leencwadi ababhalisleyo eNtshona Koloni c) Inani labantu abatyelela iimyuziyam ezimanyeneyo d) Inani labantu abasebenzisa amaziko enkcubeko eSebe e) (Abaxhamli be) inani lemibutho yobugcisa nenkcubeko elifumana inkxaso ngodluliselo lweentlawulo, kuquka i-WCCC
	Uthatho-nxaxheba kwezemidlalo nolonwabo	<p>Iquka le misetyenzana ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> a) Inani labathathi-nxaxheba kwiimanyano zezemidlalo b) Inani lolutha olusimaza iinkampu zolutsha zonyaka

IINJONGO ZESICWANGCISO SE-PSG KWI PSP	IMIQONDISO YE-PSG YE-DCAS	IMIQONDISWANA
		<p>c) Inani labantu abathatha inxaxheba ngokukhuthala kwiminyhadala yolonwabo eququzelelweyo</p> <p>d) Inani labathathi-nxaxheba kuMidlalo ye-Better Together</p>
Ukuqinisekisa ngokhuseloko nangempilo kubantuwanwa (ubudala ukusuka kwi-0 ukuya kwi-14 yeminyaka)	Uthatho-nxaxheba kwezemidlalo kumabanga aphantsi	<p>Kuquka le misetyenzana ilandelayo:</p> <p>a) Inani labafundi bamabanga aphantsi ababhalisele ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo</p> <p>b) Inani labafundisi-ntsapho kunye namavolontiya aqeinqeshelwe ukuncedisa kuphunyezo lwenqubo yezemidlalo esikolweni</p> <p>c) Inani labathathi-nxaxheba bezikolo ezisbumelwaneni (amabanga aphantsi)</p>
Khuthaza uthethethhwano kunye nempilo kulutsha (ubudala ukusuka kwi-15 ukuya kuma-25 eminyaka)	Uthatho-nxaxheba kwezemidlalo kumabanga aphakamileyo	<p>Kuquka le misetyenzana ilandelayo:</p> <p>a) Inani labafundi abakumabanga aphakamileyo nanganeno ababhalisele ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo</p> <p>b) Inani labafundisi-ntsapho namavolontiya abaqeinqeshelwe ukuncedisa kuphunyezo lwenqubo yezemidlalo esikolweni</p> <p>c) Inani labathathi-nxaxheba kwizikolo zasebumelwaneni (amabanga aphakamileyo)</p>

Ukongeza koko, abaguqli bezinto bomelele, amangenelelo eenjongo ayila iiprojekthi ezingundoqo zePhondo ngenxa yekhono lazo lokuba ngabaququzeleli ukulungiselela ukuphucula ubomi babantu. Isebe linegalelo ekuguquleni izinto zephondo kunye neenkqubo ze-PSG ngale ndlela:

a) AbaGuqli beZinto beNkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo

ISebe linkqenqeqza phambili kwiNkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo (ASP) le-PSG yesi-2. Le Nkqubo ijolise ekuvaleni ithuba lesikhewu phakathi kwabafundi abanezixhobo nabo banezixhobo ezinganelanga ngokubonelela ngezemidlalo, ubugcisa nenkcubeko, ukuhluma kwezemfundu ephakamileyo kunye neenkqubo zezakhono zobomi. Injongo kukunika inkxaso kwisikolo ngasinye esingahlawuliyo nesihlawula kancinci ngokubonelela ngenkqubo ngokubanzi neyenza umfundi ngamnye afumane kwaye aqhubekeke nothando kwanokwakha ukufunda nemfundo yanaphakade.


Le nkqubo yokuguqula izinto ijolise ekwakheni intembeko, ulutsha oluxhotysiweyo olubulungeleyo ubomi ngokusebenzisa ufikelelo kwimfundu eyandisiweyo kunye neenkqubo zasemva kokuphuma kwsikolo. Oku kuquka ugxininiso kuququzelelo oluphucukileyo, urhwebo lwentsebenziswano, kunye nokwakha icandelo lokuxhobisa.

INKqubo ifuna lonke uluntu kanye nokusondela kukarhulumente ukudala amathuba afunekayo ukuvala isikhewu. Phakathi kuRhulumente inkqubo isebenza ne-DCAS MOD kanye namaZiko kwiZikolo eziseBumelwaneni, i-Cafe yoLutsha yeSebe loPhuhliso loLuntu, inkqubo yemfundo ngeenkolo yeSebe loKhuseleko loLuntu kanye namaZiko ayiNxalenye yoNyamekelo lwaseMva kokuphuma kwesikolo, iqela elisebenzayo lophuhliso lolutsha kwiSebe leNkulumbuso, inkqubo zemfundo yobulingane nezemidlalo ezikolweni kwiSebe leMfundu leNtshona Koloni kanye nezeMidlalo noLonwabo kwiSixeko saseKapa kwakanye neenkqubo zamaThala eencwadi. Ngaphaya korhulumente i-ASP isebenza nabanikeli, ii-NGO, imibutho esekelwe kwiinkolo nabanye abanikeli ukuqinisekisa ukwandiswa kweNkqubo.

Abafundi ekujoliswe kubo bayakhuthazwa ukuba bazimase ubuncinane kabini ngeveki ukuze babengamagcisa nokufumana ubuchule kwizakhono abafundiswe zona.

ISebe libonelela ngenxaso-mali kumaZiko e-MOD ali-181, amaZiko kwiZikolo eziseBumelwaneni ali-134, kanye nenxaso engaphezulu kwama-60 yeenkqubo zasemva kokuphuma kwesiko zemfundo ephakamileyo (i-YearBeyond, Grade 4 Enhancement kanye neeNkqubo zeMaths eLearning). linkqubo zemfundo ephakamileyo zonke zisebenza nabakwimatriki kanye nabafundela izidanga basebenza njengabahlohlhi abancedisayo, ngaxesha-nye baphucula iziphumo zabo zemfundo kubafundi baze bakhe indlela eya engqeshwini kabantu abatsha.

Uphawu Iwenkqubo yaseMva kokuphuma kwesikolo



Imiqondiso engundoqo yomsebenzi eya kuthi isetyenziswe ukulinganisa inkqubela phambili nezifezekiso zoMguquli woMsebenzi waseMva kokuphuma kweSikolo yile:

- Inani labafundi kwzikolo ekungakhutshwa mirhumo abanelungelo lokungena kwiNkqubo zaseMva kokuphuma kweSikolo, kanye nenani labafundi ekujoliswe kubo abali li-112 000 ngowama-2019. Eli nani labafundi kujoliswe kulo yintlanganisela eluxanduva IweSebe leMfundu laseNtshona Koloni, iSebe loPhuhliso loLuntu, iSixeko saseKapa, ii-NGO kanye

neSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo. I-DCAS inoxanduva lokufaka ama-49 000 yaba bafundi.

- Inani leziza elineenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. Okujoliswe kuko ngowama-2019 ngama- 600 eziza ezesiskolweni.
- Uququzelelo kuzo zonke iindawo kune nabachaphazelekayo ngokubamba iintlanganiso ezixananazileyo zekomiti eqhubayo.
- Inani lamathuba oqequesho ekubonelelwe ngawo ukuxhotyiswa kwecandelo kune nokujoliswe kuko ngowama-2019/20 ngamathuba angama-200 oqequesho.

Ukunikezelwa ngenkxaso, i-ASP ibalula icandelo nokumisela uluntu kwiindawo ezahlukenyoy zokusebenz ukwabelana ngezifundo nokuphucula inkxaso. Ukongeza, i-ASP ijolise ekudaleni imeko esebebenzayo ngokuqubisana nokhuseleko kune nemiba enxulumene noko, ukwakha ubunkokheli, kune nokuhlanganisa uluntu lonke ngothungelwano lwentsebenziswano.

Kwiminyaka emithathu edlulileyo inani leziza zenkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo liphindaphhindwe kabini nge-568 yezikolo ezingahlawuliyo nezo zihlawula kancinci ezbonelelwa ngale nkqubo. Ixabiso lenkqubo likwisiqingatha ngomyinge wexabiso leyuniti engaphantsi kuma-R2 000 ngomfundu ngamnye oza rhoqo enkqubeni, ngonyaka. Ukubeka iliso novavanyo oluqhubeleyo kuyimfuneko ukuqunisekisa ukuba oku kufumana inzuso efanelekileyo nekhuthazayo engeyolahleko.

I- ASP ikwazile ukwakha intsebenziswano nemibutho eliqela ukuzisa iiNtlola, utsibilizo, ugqaphu, ukufunda, imingeni yesicwangciso samaxesha nangakumbi ezikolweni. Konke oku kudala amathuba okuvala isikhewu nokwakha uthungelwano ekuhlalineni nakuqoqosho kubafundi nasezikolweni.

Ukongeza, i-ASP isebebenzisene kune ne-CHEC ukwakha isiseko sobungqina becandelo. Olu phando luya kuqhubela phambili inguqu nokuphucula iinkqubo kubo bonke abachaphazelekayo.

b) UmGuqli weZinto ukuNciphisu ubuNgozi boTywala

ISebe likwafaka isandla ekuNcitshisweni kobuNgozi boTywala (AHR) umGuqli weZinto nojolise kwiindawo ezichaphazeleka kakhulu kukusetyenziswa kotywala kakubi. Njengabanye babantu abathatha inxaxheba kule nkqubo iSebe linoxanduva lokuqinisekisa ukuba ulutsha luthatha inxaxheba kwezi nkqubo, kwaye lusebenzisa iindlela ezithile zolonwabo kunokusela utsiwala ngokugqithileyo. Ezi ndlela zemidlalo zokuzonwabisu ziqluka ibhola ekhatywayo nedlalwa esitratweni, ibhola yomnyazi, kune nemidlalo yebhodi.

ISebe linoxanduva lokuphunyezwa nokupuhhliswa kwale midlalo yokuzonwabisu kwezi ndawo zichaphazelekayo nekujoliswe kuzo zaseNtshona Koloni.

Kunyaka-mali ka-2019/20 iSebe lakuqhuba linika itonamenti ezine zabucala zebhola ekhatywayo ngobusuku boLwezihlau, kwakunye noSuku lokonwabisu uSapho lakwaziswa ngeMogqibelo ethile apho kwakudalwa imidlalo yebhodi, ipuli, idatsi, intenetya edlalelwa etafileni kune nemidlalo yekhompyutha, kwakunye nomculo weqonga noculwa ngabaculi basekuhlaleni, njengenxalenye ye-Whole Of Society Approach. liProjekthi zizakuqhutywa e-Drakenstein naseKhayelitscha.

c) I-Projekthi yeeNtsuku ezili-1 000 zokuQala

I-Projekthi yeeNtsuku ezili-1 000 zokuQala liphulo elibhekiselele neliqala ekusekwensi komntwana ukuya xa benemimnyaka emibini, injongo yalo kukudala amathuba angcono kobu bomi bokuqala bomntwana ukwenzela ukuba abe nekamva eliqaqambilleyo, elisempilweni nelililo. Eyona mbono yale projekthi kukuninisekisa ukuba wonke umntu ongumama okhulelwego uyakhathalelwa yena nosana lwakhe, kwaye abazali banikwa inkxaso ukususela ekukhulelwani komzali ukudlulela,

ingakumbi abo baselufuna ngakumbi uncedo, oko kusenziwa ngokusebenzisana noluntu ukwenzela ukuba abantwana bakhule ngokupheleleyo nokugqithisileyo ebomini babo bonke. ISebe lakukuxhasa oku kwicala lezemidlalo, ulonwabo nemicimbi yenkcubeko likwenza oko kubantwana nabazali.

d) I-Whole of Society Approach (WOSA)

Iprojekthi i-Whole of Society Approach (WOSA) ichaphazela zonke iiprojekthi zemiba yasekuhlaleni nejolise ekuqondeni nasekuhlangabezaneni imingeni yasekuhlaleni neyoqoqosho "phakathi" eluntwini kunemingeni nje "yo"luntu, ivumelana ngokuba abantu basekuhlaleni banemingeni eyahlukileyo kunezinye iindawo. Ekujoliswe kuko ngale projekthi kukuba uluntu lonke luxhamle kwiinkonzo eziphuculiweyo nokuba ngabantu bawo nawuphi na ummandla. Le projekthi iya kujolisa kwiindawo ezine kuqala ezizezi: iSaldanaha, iDrakenstein, iManenberg neKhayelitsha. ISebe lizibophelele kakhulu kweli phulo.

I-OneCape 2040

i-OneCape 2040, njenge NDP, ngumbono nesicwangciso soluntu, esijolise koku:

- sikhuthaza iingcamango ezintsha nongenelelo kwimiba ephambili yexa elizayo;
- nokunika injongo enye yokusebenza kubantu babucala, bakarhulumente noluntu ngokubanzi
- helping align government action and investment decisions;
- ukuququzelela utshintsho olufunekayo ukuhlengahlengisa nokumelana notshintsho (olukhawulezileyo) lwasekuhlaleni nolwehlabathi
- kanye nokujongana neemfuno zophuhliso lwethu, uzinzo, ubuntlantlo-ninzi kanye nokukhuphisana.

Ngokubhekiselelle kwezi njongo, inguqu kwimiba yoqoqosho yile:

Inguqu	Ukusuka apha	Ukuya apha
Ulwazi ngenguqu (iKapa eliFundayo)	Ukungalingani semgangathweni kwakunye kwenguqu ekuxobiseni	nokungabikho kwemfundu nokunqongophala Imfundu nenezakhono ezikumgangatho ophakamileyo kubantu bonke
Inguqu yofikelelo kwezoqoqosho (iKapa eliSebenzayo)	Imeko yezoqoqosho ephuhlileyo kodwa enemiqobo emininzi ebangela ukuba ingangeneki nenemveliso namathuba abo bakhasayo aphantsi	Inguqu eqhutywa luqoqosho kanye nokusuka kwemiqobo kwanesantya esiphezulu sokungena kwimveliso nakushishino
Inguqu ngezinto eziphilayo nendawo ezhhlala kuyo (iKapa eluHlaza)	Imeko engazinzanga yegesi ezidala ukungcola emoyeni	Imeko ezinzileyo nephantsi yegesi edala ukungcola emoyeni
Inguqu yeNkcubeko (iKapa eliHlanganisayo)	miqobo kunxulumani Iwangaphakathi nolwehlabathi (ulwimi, ubuwena, umgama, intswela Iwazi nabaqwalasele kubo kuphela)	Imeko ephezulu yonxibelewano Iwemakhethi zangaphakathi nakwihlabathi
Inguqu yoNtlalo (iKapa ePhilayo)	Ubumelwane obungekho sempilweni, obungangenekiyo, obuguzulwayo kwabanye nobunamatuba amancinci	Intlalo entle nesempilweni, efikelelekayo nephileka ngcono edala amathuba eluntwini
Inguqu yamaZiko (iKapa eliKhokelayo)	Iziseko ezizikhulseayo nezingakhiyo	linkqubo zentsebenziswano nezamkela wonke ubani

ISebe lijonje ukuxhasa zonke ezi nkqubo zenguqu kwimisebenzi yalo yolawulo. Nakuba kunjalo, umsebenzi weliSebe unegalelo elihambelana ngqo nenkqubo yenguqu yokuDibanisa inkcubeleko yeKapa, kwanenguqu yeMfundu eKapa ngokusebenzisa iNkqubo yezeMidlalo yaseMva kokuphuma kwasikolo, kuquka iNkqubo ye-MOD. ISebe likwafaka isandla ngokungathanga ngqo kwiinjongo zenguqu yeNtlalo yaseKapa, evela kwiinkonzo zethala leencwadi kanye nakwezemidlalo nolonwabo.

IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha lwaseNtshona Koloni

IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha lwaseNtshona Koloni sijolise ekuboneleleni ngenxaso eyongezelelekileyo, amathuba neenkonzo kubo bonke abantu abatsha ukwenza ngcono ukusebenzisana nemeko yabo ukuze bakwazi ukuthatha uxanduva, bazimele kanye babengabazali abazinzileyo. Injongo yesicwangciso kukuba ulutsha lwaseNtsona Koloni luvuseleleke, lufunde, lubenoxanduva, luzimele baze umntu ngamnye abe nempilo entle abanobuntu obuvelisayo, nobudlelwane bosapho nentlalo xa befima kwiminyaka engama-25.

Isicwangciso-qhinga sisekelwe kwezi ntsika zintlanu zilandelayo:

INTSIKA	INJONGO	INKQUBO
Isiseko sekhaya	Kubekhona abazali abaninzi abanezakhono zokuqequesha neenqubo ezinika inkaso ukuxhasa indlela eyiyo yokukhula kwabantu abatsha	<ul style="list-style-type: none"> Inkxaso yosapho nabazali linkonzo zempilo nezonxibelelwano noluntu Ulwazi ngezempi Inkqubo zabantu abayimizekelo ekuhlaleni
Imfundu noqequesho	Ukuqinisekisa ukuba ulutsha luyakwazi ukufunda, ukubala nokuzilungiselela ubomi nomsebenzi	<ul style="list-style-type: none"> Imfundu eyiyo Ukugcina izikolo zisemgangathweni Ukugcina izikolo zisemgangathweni Ukumiselwa kwenqubo ezisebenzayo zasemva kokuphuma kwasikolo Ukupuhliwa nongenelelo ngezakhono
Ithuba lezoqoqoshosho	Ukudala amathuba emisebenzi kulutsha nokubalungiselela ukuba bakwazi ukungena emisebenzini baqasheke	<ul style="list-style-type: none"> Unxibelelwano oluphucukileyo phakathi kolutsha nemisebenzi noludibanisa amava omsebenzi linkqubo zemisebenzi ezinikwe inkxaso-mali Ungenelelo ngokweenkonzo zemisebenzi Ukufunda ngezemali
Ukuzazi nokuziqonda	Ukuqinisekisa ukuba ulutsha luyakwazi ukulandela indlela eyiyo ebomini babo nekhuthaza ukuzibona ukwicala elilungileyo lobomi ukwazi ukwenza izinto ngexesha elifanelekileyo	<ul style="list-style-type: none"> Inkxaso nonxibelelwano lwabalingane Amathuba ezemidlalo, umculo, ubugcisa nenkcubeleko njengesixhobo sophuhliso lindawo zolutsha nonxibelelwano Ukuzoba ikamva elihle lolutsha Ukupuhliwa kobunkokheli
Amathuba entsebenziswano	Ukuquuzelela ukunxibelelanisa ulutsah ngokuthi kunikeyelwe ngeenkonzo ezizizo nezixhasayo, ziqinise zomeleze abantu abatsha bangahendeki zizinto ezingenamsebenzi baphuhle ngokufanelekileyo	<ul style="list-style-type: none"> linkqubo ezisebenzayo zokubuyisela ulutsha olungenanto yakwenza linkqubo ezishiya umzila omhle Uphuhliso nongenelelo ngezakhono

ISebe linegalelo kwintsika nganye yesicwangciso, ngakumbi, kwezeMfundu noQeqesho, ngokubonelela ngemisebenzi ehleliweyo yasemva kokuphuma kwesikolo kunye nokuZazi ubuWena, ngokubonelela ngamathuba ezemidlalo, umculo, ubugcisa kunye nenkcubeko njengezixhobo zophuhliso.

IsiCwangciso sowama-2014 sokuSabela kuGuquko IweMozulu eNtshona Koloni

IsiCwangciso sowama-2014 sokuSabela kuGuquko IweMozulu eNtshona Koloni luququzelelo lokusabela kuguqoko lwemozulu eNtshona Koloni ukukhokela uphunyezo oluhlangeneyo lweeprojekhti zenguqu kwanokukhangela amathuba adibanisa umkhondo wophuhliso lokungcola komoya nokunyuka koxhomekeko lwemozulu, ukuphucula ezendalo kunye neenkonzo abazinikezelayo, kwakunye nokukhulisa uqoqosho kunye nokudala imisebenzi. Injongo yesiCwangciso isekujongeni into ebambekayo, uphunyezo lwendawo, iindlela zenqubo zokuqubisana nosabelo kutshintsho lwemozulu oludibeneyo.

Ngeli xesha iSebe lingenaxanduva luthe ngqo ngemisebenzi ebekiweyo kwisiCwangciso, iSebe lizakuqala kwaye/okanye kuqhube ka nokuphumeza amaphulo aliqela ukulondoloza amanzi. Oku kuquka ukulondolozwa kwamanzi kuzo zonke ii-ofisi zabasebenzi beSebe, kunye namanye amaziko eSebe anje ngeemyuziyam, oovimba, kunye namaziko ezemidlalo, nenkcubeko. ISebe kwakhona lizakuphengulula nangaphezulu iindlela ezinokubakhona zokulondoloza amanzi ezinje ngezinye iindlela zangaphandle zezemidlalo ezingaxhomekekanga emanzinni. INgqungaquthela yaManzi yayibanjwe neeManyano zezeMidlalo zaseNtshona Koloni ukumisela ukusetyenziswa kwamanzi kwixesha elizayo kumaziko ezemidlalo eNtshona Koloni. ISebe libonelele ngenkxaso koomasipala abaliqela ngokugrumba nokumpompa kunye namatanki amanzi/amadami ukuvumela ezemidlalo ziqhubeke.

Le migao-nkqubo nezicwangciso zephondo zilandelayo zikwanxulumene negunya lomgaqo-nkqubo weSebe:

Imigaqo-nkqubo yephondo	
UMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni (PN 369, 27 Novemba 2001)	I-DCAS njengalo naliphi na isebe kwiphondo, imelwe kukusebenzisa umgaqo-nkqubo ngokwamacandelo. Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi weenkonzo zenkxaso yokusetyenziswa kolwimi kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokuthi iyunithi yayo ibesembindini wolwimi.
UMgaqo-nkqubo weNxaso-Mali kwezeBugcisa neNkcubeko (2009)	Olu xwebhu lunika isikhokelo ngendlela yokwaba imali eyinkxaso phakathi kwemibutho yenkcubeko.
IziKhokelo zeNxaso-mali kwezeMidlalo noLonwabo (2012)	Olu xwebhu lunika isikhokelo ngendlela yowlabiwo Iwenkxaso-mali kwimibutho yesemidlalo kwaye uhlaziyiwe ngo-2019.
Umgao-nkqubo wokuThiywa nokuThiywa ngokutsha kweeMbonakalo zeNdawo (2015)	Umgao-nkqubo uthi thaca iinqobo ezisiekweni emazithathelwe ingqalelo kunye neenkqubo emazilandelwe yi-DCAS kunye neKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni xa iququzelela yaye ithethana nabachaphazelekayo noluntumalunga nokubekwa emgangathweni, kokuthiywa ngokutsha, okanye iinguqu kumagama asele ekho endawo. La maqumru anika ingcebiso kwiBhunga lokuThiywa kwamaGama eMzantsi Afrika nakuMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko kuzwelonke.
INkqubo yoBeko-liso noVavanyo yePhondo ngokubanzi (2009)	Le sethi yoxwebhu isebeanza njengento ekhawulelana neNkqubo kaRhulumente obanzi woBeko-liso noVavanyo. Injongo kukuphucula ulawulo lwequmruh nokunika ingxelo yolawulo lwephondo ngokunika inkxaso: ukuze kwensiwe izigqibo zokwenziwa komgaqo-nkqubo okwokufezekisa ingwu nosekelezwe phezu kobungqina; ukuphuculwa komgaqo-nkqubo nokusetyenziswa kwezibonelelo ngendlela efanelekleyo.
UMgaqo-nkqubo ojongene neeMyuziyamu zeNtshona	Lo mqaqo-nkqubo unika umntu ngamnye noluntu ngokubanzi ukuba makolatthe kwaye alondoloze iimyuziyam eNtshona Koloni. Wenza nesiphakamiso sesikhokelo somthetho omtsha wephondo omalunga nemyuzyam oya kungena endaweni ye-Ordinance yemyuziyam (iPhondo laseKapa), 1975.

Imigaqo-nkqubo yephondo

Coloni (2013)	
UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi zamaQumrhu kaRhulumente weNtshona Koloni (2017)	Lo mqaqo-nkqubo ubhekiselele ngokukodwa ePhondweni kwaye uzakukwenza i-DCAS ikwazi ukuphumeza izikhokelo zolawulo ezihlaziyiweyo ukudibana upuhhliso lobuchwephetshe kulawulo lweerekhodi.
UMgaqo-nkqubo wokuGuqulela kwi-Khompyutha wamaQumrhu kaRhulumente (2017)	Lo mqaqo-nkqubo ubonelela ngezikhokelo nemigangatho eguquelewe kwikhompyutha kumaqumrhu karhulumente ukuqinisekisa ukuba kukho ukufana kulawulo lwerekhodi eziguquelwego. Oku kuya kunceda i-DCAS ekubekeni iliso kuthotyelo.
Imigaqo nemigangatho yamatthalu eencwadi oluntu yaseNtshona Koloni	Imigaqo nemigangatho ibalulekile ukuqinisekisa ubonelelo nophuhliso olungagungqyo lweenkonzo zamaThala eencwadi zoLuntu ukunika impumelelo kuqlunqo loMthetho osayilwayo wamaThala eencwadi aseMzantsi Afrika kanye neeNkonzo zeeNkukacha zamaThala eencwadi aseMzantsi Afrika kanye ne-Charger yeNguqu kwiiNkonzo zeeNkukacha ka2014. Olu xwebhu lujongana nemisebenzi withala leencwadi, abasebenzi, amaziko, ufilelelo kwi-intanethi, ingqokelela esuka kumathala eencwadi neeyure zethala leencwadi ephondweni leNtshona Koloni.

Izicwangciso zePhondo

IsiKhokelo sezeMidlalo yeSikolo (2013)	Olu xwebhu lwe-DCAS lunika isikhokelo kwabo bachaphazelekayo kubo bonke abalukhathaleleyo uthotyelo lomgaqo-nkqubo wezeMidlalo neSicwangciso wemidlalo eyahlukeneyo yezikolo kanye neSicwangciso sikaZwelonke sezeMidlalo noLonwabo.
IsiCwangciso soPhuhliso loHlolo loBugcisa (2008)	Olu xwebhu lubonelela ngesakhelo sophuhliso, ukukhuthaza nokukhusela iintloblo zobugcisa eNtshona Koloni. Yahlaziya ngo-2013 kwaye ivunyiwe ukuba ibe ngumzekelo olungiselelwel ukuphuhlisa uhlobo lobugcisa ukuze wakhele phezu kwezi ntsika zintanthu: izibonelelo, ukubonakala nokubasisgina.
ISakhelo noMnqophiso wolwaLuko eNtshona Koloni (2014)	Esi sakhelu sibonelela ngesikhokelo kwizenzo zenkcubeko zolwaluko kwimibutho yolwaluko yasekuhlaleni, oomasipala kanye namanye amagunya.
ISakhelo seMbali yoMlomo eNtshona Koloni (2015)	Esi sakhelu sibonelela ubuncinane ngezikhokelo kanye nemigangatho yokuziphatha ekufuneka ilandelwe xa kuqhutya udliwano-ndlebe Iwembali yomlomo kubasebenzi nakumaziko eemanyano ze-DCAS abasebenza kwicandelo lembali yomlomo.
ISakhelo soKhuphiswano lohambo-lweNdlela loNyaka (2012/13)	Sibonelela ngezikhokelo kwizinto nakwipesenti emayabiwe kuhambo nokhuphiswano Iwendlela lonyaka lwee-Minstrel, iKresimesi neekwayala zeMalay.
IsiCwangciso sePhondo kwiMisitho (2011)	ISebi kwakhona liza kukhuthaza imisitho yezemidlalo ePhondweni ngokuhambelana nesiCwangciso sePhondo kwiMisitho ukuze inyuse utelelo kwezemidlalo nokuququzelela inzuo kwezoqoqosho lwePhondo. Isicwangciso semisitho okwangoku esiqwalaselwa kwakhona yi-DEDAT kanye ne-DCAS sizakuba negalelo kutyelelo lwezenkcubeko.

UMONGO WOMGAQO-NKQUBO WECANDELO

The IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo eliphathelelene nezoBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli elakhutshwa ngo-1996 eligible ekuphuculeni nasekulungiselelaniseni icandelo lezoBugcisa, iNkcubeko neLifa lemveli kanye neepolitiki zomhlabo zexesha lorhulumento lwenginezelo. Ngenxa yokutshintsha kwamaxeshya iye yakho imfuneko yokuhlalutywa kwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo. ISebi lezoBugcisa neNkcubeko lesizwe libe nenqubo yokubonisana ngokujkodwa noluntu ngenjongo yokuqoshelisa uxwebhu olutyikitywayo kungoku nje. Le drafti yePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo wezoBugcisa, iNkcubeko neLifa lemveli lijonge ukushwankathela indlela eliya kumiswa ngalo iqhinga lokusebenza lorhulumente kwindima yeSebe lezoBucgisa, iNkcubeko neLifa lemveli xa lisenza iinkqubo zobugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli, amathala eencwadi noovimba-nkukacha kuZwelonke.

IThalu leencwadi loLuntu laseMzantsi Afrika kanye noMthetho osayilwayo weeNkonzo zeeNkukacha (SAPLIS) livunyiwe ngamaQela eKhabinethi kwaye liza kufakwa kwiKhabhinethi ukuze uvunyiwe. UMthetho osayilwayo ujunge ekuboneleleni ngeendlela zokuqubisana

nokungalingani kubonelelo Iwamathala eencwadi kuluntu kunye neenkonzo zeenkukacha nezihobo, ngaphezu kwezinye iinjongo.

Umgao-nkqubo/isivumelwano sezeMidlalo yeSikolo kaZwelonke yaqwelaselwa kwakhona nesivumelwano esitsha esityikitywe phakathi kwe-DBE ne-SRSA ngowama-2018. IsiCwangciso sezeMidlalo saseNtshona Koloni sizakulungelelanisa ne-NSRP ngowama-2019/20. UkuJongwa kwakhona kwesiCwangciso sezMidlalo noLonwabo sikaZwelonke kuzoqala kowama-2019 (kukhokelwa yi-SRSA).

UMONGO WORHULUMENTE WENDAWO

Ukuze ukucwangciswa nokuphunyeza koorhulumente kukhuselwe, nokuqinisekisa uzinzo nokudityanisa kohanjiso Iwenkonzo, iLinge loPhuhliso eliHlangeneyo (JPI) liquka isethi yezinto eziphambili ekuvunyelwene ngazo nguRhulumente waseNtshona Koloni ngokusebenzia isiCwangciso-Qhinga sePhondo namaphulo ecandelo lesebe, kunye neziCwangciso zoPhuhliso oluHlangeneyo (IDPs)loomasipala beSebe. ISebe lithatha inxaxheba kungenelelo Iwe-IDP, iforam yesicwangciso esidibeneyo soorhulumente esiquuzelelwa liSebe loRhulumente weNdawo.

linkcukacha eziphathelele kwii- JPI nalapho i-DCAS ilisebe elikhokela khona zithiwe thaca ngezantsi:

UMasipala	Ungenelelo IwesiCwangciso	Iziphumo zeProjekthi	AmaSebe aXhasayo	Unxulumaniso kwi-PSP
UMasipala wase-George	1. Ukudala iqonga elisungula i-Model Design: ukuSetyenziswa kweICT kumaThala eencwadi 2. Amaziko eenkqubo zasemva kokuphuma kwasikolo: 2.1 INKqubo ye-MOD	1.Ufikelelo kwi- ICT ngokusebenzia amaThala eencwadi 1. Ameliorating educational outcomes 2. Reducing social ills Increasing 3. Increasing participation in sport and recreation 4. Improving social capital.	I-DEDAT, i-DotP (CE-I) OoMasipala abaFanalekileyo	I-PSG 1 liprojekthi eziphantsi kwale-JPI zigqityiwe I-PSG 2 Eqhubekayo
UMasipala wase-Laingsburg	Amaziko eenkqubo zasemva kokophuma kwasikolo	1. linkqubo zamaziko e-MOD 2. Inkxaso kumsebenzi wasekhaya wesikolo	i-DoE i-DSD i-DOH i-DOCS uMasipala oFanelekileyo	I-PSG 2 Eqhubekayo
UMasipala wase-Bitou	Ukukhuthazwa nokwandisa uthatho-nxaxheba kwiNkqubo ze-MOD zasemva kokuphuma kweSikolo.	1. Ukulingisa iziphumo zezemfundo 2. Ukcinciphisa izifo zasekuhlaleni 3. Ukwandisa uthatho-nxaxheba kwezemidlalo nolonwabo 4. Ukuphucula intlalontle.	i-DOE i-DOH i-DSD i-DotP	Eghubekayo
UMasipala wase-Mossel Bay	Amaziko enkqubo yasemva kokuphuma kwasikolo: Ukujolis kwiNkqubo ye-MOD	1. Ukunyuka kwezinga lokusetyenziswa kweNkqubo ye-MOD	i-DSD i-DoH i-DoCS i-DoE	Eghubekayo
UMasipala wase-Stellenbosch	Ukumiselwa komasipala wase-Stellenbosch njengezikolo lenguu ngokumalunga nophuhliso lolutsha: Amaziko enkqubo yasemva kokuphuma kwasikolo: Inkqubo ye-MOD	1. UKulungiswa kweziphumo zezemfundo 2. Ukcinciphisa izigulo zasekuhlaleni 3. Ukwandisa utatho-nxaxheba kwezemidlalo nolonwabo 4. Ukuphucula intlalontle.	i-WCED, i-DSD, i-DOCS, i-DOH nomasipala	Eghubekayo

Ngokunxulumene noku kungentla:

- Iziko leMfundu leMidlalo eNtshona Koloni liza kugcinwa konyaka-mali ka-2019/20.
- Amathala eencwadi kumasipala waseGeorge ayinxaleny yeProjekti yoThungelwano yamaThala eeNcwadi aseMaphandleni, iiprojekthi zothungelwano lwe-intanethi neWi-Fi kwaye iThala leeNcwadi likaRhulumente laseGeorge liyinxaleny yeprojekti ye-Online yamaThala eencwadi zaseMzansi. Zonke ezi projekti ziqinisekisa ufikelelo kwi-intanethi yamahala elilungiselelwe amathala eencwadi oluntu.
- I-DCAS ijongene namaziko amabini e-MOD kuMasipala wase-Laingsburg.
- KuMasipala wase-Bitou i-DCAS ijongene namaziko e-MOD, azakuthi aqhubeke esebebenzela iziphumo ezicetyiwego.
- KuMasipala wase-Mossel Bay i-DCAS injongene namaziko e-MOD, ekukho kuwo amane, kwaye iziko ngalinye liya kuqhuba lisebenzela ukuphumelelisa iqondo lokuzimasa nelokuthathwa kwenxaxheba.

Ukongeza, iSebe liza kuqhubeke ukusebenzisana noomasipala malunga nenkxaso yeSebe ukubonelela ngeeNkonzo zeMyuziyam, iThala leencwadi, uVimba, uBugcisa, iNkcubeko nezeMidlalo.

UBUME BOMHLABA SPATIAL CONTEXT

Ngokubhekiselele kwiSakhelo soPhuhliso lweNdawo kwiPhondo kune nesiFundo ngokuKhula koKunokwenzeka kwiDolophu, imiba yomsebenzi weSebe ikhona kuzo zonke iidolophu eNtshona Koloni, umzekelo, ngobume bamathala eencwadi, iimyuziyam, iofisi zemidlalo, izigqibo zelifa lemveli. ISebe liluseke utyalo-mali lwalo lwasithuba ngokwemfuno kune nekhono elinalo uluntu.

Ulwabiwo lwasithuba lwezinye iinkonzo zamaSebe ithiwe thaca kwicandelo 5.1 ngasezantsi.

Ngaphezulu, iSebe:

- lisebenza kupuhliso lweMyuziyam yaseKapa entsha (nevulwe ngomhla wama-24 kweyomsintsi ngowama-2015) iseberga neSebe loThutho neMisebenzi yoLuntu ukufumana isiza esisiso sale myuziyam.
- linamaziko angama-376 akulo lonke iPhondo, kune nezikolo zezeMidlalo eWest Coast (eSaldanha), Cape Winelands (ePaarl), e-Overberg (e-Bredasdorp), kune ne-Eden (e-Oudtshoorn).
- libonelela ngofikelelo kwi-intanethi mahala kuluntu ngokusebenzisa iProjekthi yoQhagamshelwano lamaThala eencwadi aseMaphandleni. IProjekthi yinxaleny yePhulo loThungelwano lwe-intanethi kune noluntu olunemivuzo ephantzi lwasemaphandleni oluxhamla kakhulu kuqhagamshelwano lwe-intanethi.
- lihlanganisa izixhobo zelifa lemveli kune nezenkcubeko (kuquka iimyuziyam, amathala eencwadi, ezemidlalo, uphuhliso lwendlela yotyelelo kwilifa lemveli kune nemfundo yezinto nezidalwa zakudala), kwakune nezicwangciso zeSakhelo soPhuhliso lweNdawo.
- ukwakha intsebenziswano neminyhadala, imisitho, kune nemibutho kwiqela loomasipala.
- liseke isikolo esijolise kwimidlalo yesikolo kwiSithili ngasinye sesimo sezopolitiko.
- liseke isikolo kwiSithili ngasinye sesimo sezopolitiko.
- lisebenze kune nabasemagunyeni boomasipala, amaqumrhu karhulumente, kune noluntu ukuchonga nokucanda iziza zolwaluko kwiPhondo lonke.
- Linamaziko enkcubeko asixhenxe kulo lonke iPhondo elibonelela imibutho noluntu ngamaziko ukuphumeze iiprojekthi okanye imisebenzi elungelelane namagunya esebe.

UKUPHUCULWA KOBONELELO LWEENKONZO

ISebe linesiCwangciso soPhuhliso loHanjiro lweenkonzo (SDIP) olunjongo yalo ikukuqinisekisa ngohanjiro lweenkonzo olunempumelelo nolusebenzayo.

Ngowama-2019/20, iSebe liya kujolisa koku kulandelayo ngokumalunga ne-SDIP:

lkonzo ezichongelwe ukuphuculwa	Izicwangciso/iiprojekthi zeSebe
Ufikelelo kumaZiko eNkcubeko	Amaziko abonisa amathuba amaninzi. Ukuphucula ukusetyenziswa kwamaziko enkcubeko ngawo onke amacandelo oluntu, kubekho imfuneko yokuphucula iinkqubo zolawulo ezinxulumene nokubhukhwa nokusetyenziswa kwamaziko ngamalungu oluntu ngokudibana abantu, indawo, inkqubo kanye nobuchwephetshe. Ukuvezekisa oku, ukubhukisha ngenqubo ye-intanethi kwenzelwe ukulungiselela ufikelelo kumaziko. Okunokwenzeka ukuqeshisa ngamaziko kubasebenzisi bamacandelo abucala ngexesha elingaxakekanga ukwandisa amajelo email kufuneka kuqwalaselwe ngowama-2019/20.
INkubo ngeMfundoo yeeMyuziyam	INkonzo yeMyuziyam ibonelela ngeenkubo ezininzi zemfundoo kuluntu ngokusebenzisa intsebenziswano neemyuziyam ezingamahlakani. INkonzo yeMyuziyam iza kubonelela ngeenkubo zemfundoo kwiimyuziyam ezingamahlakani ezingama-2. Ukuze kuqinisekise ukuba umgangatho wenkonzo uyagcinwa, ama-80 eepesenti eenkubo zemfundoo ngeemyuziyam zizakuavanywa ngokusebenzisa iifomu zengxelo kubafundisi-ntsapho. Ngaphezu koko, izixhobo ezibini zezemfundoo zizakuphuhliwa ukuze zibenakho ukufumaneka kwiimyuziyam ezingamahlakani.

Ukwaleka apho, iNkonzo yamaThala eeNcwadi iya kuqhube iphucula yaye isandisa iindawo zenkonzo zethala leencwadi, kubandakanywa ubonelelo lwe-intanethi yebhrodibhendi eluntwini.

4.4 Izigwebo zenkundla ezifanelekileyo

Itala elisenkundleni	Isalathisi	Ifuthe kwi-DCAS
IManyano yabaHlali ngaphambili v uMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko [2007] SCA 44 (RSA)	iNkundla ePhakamileyo yesiBheno inomb. yetyala 25/2006	Esi sigwebo sibeka imida emayisetyenziswe ngabasemagunyeni ukuqinisekisa indlela eyiyo yokufakana imilomo noluntu lwasekuhlaleni nabanye abachaphazelekayo xa kusenziwa izindululo zemiba emalunga notshintsho lwamagama endawo. I-DCAS kanye neKomiti yokuThiyywa kwaMagama eeNdawo eNtshona Koloni emiselwe ngu-MEC zingabathathi-nxaxheba ababalulekileyo ekusetyenzisweni komthetho-siseko ohambelana nawo ingakumbi uququzelelo nokufakana imilomo nabathatha inxaxheba kwanoluntu. Kufuneka esi sigwebo sisetyenziswe kwinkqubo nemiqathango elandelwayo abayisbenzisayo ekulawuleni iinguqu eziphakanyisiwego kumagama eendawo.
i-Qualidental Laboratories v iLifa lemveli laseNtshona Koloni [2007] SCA 170 (RSA)	iNkundla ePhakamileyo yesiBheno inomb. yetyala 647/06	Esi sigwebo singqina amandla anikwezelwa ngu-MEC kanye nelifa lemveli laseNtshona Koloni ukunyanzelisa iimeko kuphuhliso malunga necandelo lama-48 loMthetho weZixhobo zeLifa lemveli kaZwelonke, ka-1999.
Abasebenze ngaPhezulu (Pty) Ltd v uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko noLonwabo	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni inomb. yetyala 5591/05	Isigwebo sinefuthe elibalulekileyo kwiinkqubo zesibheno ekuthathwesi ngamaaqoqo achongwe nguMphathiswa ngokwecandelo 49 loMthetho weZixhobo zokuSebenza ngeLifa leMveli, funda kanye noMqathango 12 weP.N. 336 ka-2003. Isigwebo sanikezelwa yinkundla ukuqinisekisa ukuba iSebe kanye noMphathiswa zimisela amanyathelo alungileyo mayela neenkqubo zolawulo, ulwamkeleko lobungqina obutsha kwixwebhu leenkucukacha leqoqo kanye nokuhambelana nemithetho yasemthethwesi ngokwe-audialterim partemmaxim.

Ityala elisenkundleni	Isalathisi	Ifuthe kwi-DCAS
i-Willows Properties (Pty) Ltd v Minister of Cultural Affairs and Sport	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni inomb. yetyala 13521/08	Ummangali ufake isicelo esingxamisekileyo kwiNkundla ePhakamileyo ukunyanzelisa uMEC ukuba athathe isigqibo, okanye enze cebo limbi ukukhupha Isigqibo ngokwesibheno esifakwe kuMphathsiwa ngokwecandelo 49 loMthetho weZixhobo zeMveli kuZwelonke, 1999, xa ufundwa nomqathango 12(7) weP.N.336 ka-2003. Ifuthe lesigqibo kwi-DCAS linganyanzelisa amalungu esigqeba senkundla ukuba asebenze ngokwamaxhesha abekiweyo okukhutshwa kwamaXwebhu eeNkukacha zeZigqibo. lindlela zokulungisa ziphunyeziwe.
i-Waenhuiskrans Arniston Ratepayers Association kune Another v Verreweide Eiendomsontwikkeling (Edms) Bpk kune Nabanye 1926/2008 [2009] ZAWCHC 181.	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni inomb. yetyala 1926/2008	INkundla yaqwelasela ukuba ingaba igunya leSouth African Heritage Resources Agency (SAHRA) kune neHeritage Western Cape zinawo amaguna ommandla ngokubhekiselele kwiziza ezichazwe yiSAHRA ngezikwesigaba 1 nendawo ekwafukawe isicelo ngokwamacandelo 35 no-36 loMthetho weZixhobo zeMveli kuZwelonke ka-1999. Inkundla yafumanisa ukuba iSAHRA inegunya elisemthethweni. Iziphumo zesigwebo yaba zezokubakufuneka iSebe lincedise abeLifa leMveli yeNtshona Koloni ngokunkira uncedo lokucacisa umthetho nokuqinisekisa ukuba IHWC isebeenza ngokwegunya enalo.
iiManyano zabaHlali ngaphambili ze-Louis Trichardt v uMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko kune neBhunga lokuThiyya kwamaGama eMzantsi Afrika	iCandelo laseGauteng leNkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika 2014	INkundla ikubekele bucala ukuguqlwa kwegama iLouis Trichardt liguqulelwu kwiMakhado emva kokuqunjelwa kwasigqibo ngaphandle kwenkundla phakathi kwamaqela. Oku kunomphumela wendlela eya kuthi i-DCAS neKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni liqinisekise ngento yokuba iinkqubo ezifunekayo zothethwano zichaziwe yaye zibhalwe kumaxwebhu ezibhekiselele kwiinguqu ezindululwayo, ukubekwa emgangathweni okunye ukuqwelasela kwakhona kwegama lendawo.
-iPeter Gees v the Provincial Minister of Cultural Affairs and Sport, Western Cape, the Chairperson, Independent Appeal Tribunal, Heritage Western Cape, the City of Cape Town, City Bowl Ratepayers; & Residents' Association	iCandelo laseNtshona Koloni leNkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika inomb. yetyala 6205/2015	Imiqathango inakho ukubekwa kwpiphepha-mvume elilungiselelwu ukudilizwa kwesakhiwo esikhoyo esibudala bungaphezulu kweminyaka engama-60 ngokuhambelana necandelo lama-34(1) loMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli (uMthetho onguNombolo 25 ka-1999).
i-Piketberg Local Heritage Committee and Another v Liebco Vleishandelaars Edms Bpk and others (Heritage Western Cape 2nd Respondent)	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni inomb. yetyala 1103 2016	Isicelo sovavanyo ngokutsha kwesigqibo seHWC's Built Environment and Landscape Committee (BELCom). Imvume yanikezelwa yiBELCom yokudiliza isakhiwo esikiwisa esinguNombolo 207 ePiketberg kwiNkundla ephakamileyo sokokuba kuvavanywe ngokutsha isigqibo njengoko izibonelelo zePAJA kungakhangue kuanjelwane nazo. INkundla yaqwelasela umgaqo-nkqubo okhoyo weHWC odinga uthethwano kune namaqumrhu olondolozo lwendalo abhalisiweyo kuphela ze yaggiba okokuba, njengoko izigqibo ezithatyathiweyo zinganakho ukuchaphazelam alalungu oluntu ngokubanzi, uthethwano noluntu ngokubanzi lwaluyimfuneko.

4.5 Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo

Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo 2019/20 ngala:

- UMthetho osayilwayo woLawulo IweZixhobo zeLifa lemveli laseNtshona Koloni
- UMthetho osayilwayo woLungiso loMmiselo weeMyuziyam

5. Uhlahlelo lobume

UBUME BEZOPOLITIKO

!Sebe liyaqhube ka ukugcina intsebenziswano namacandelo oomasipala nabaphezulu babo.

UBUME BEZOQQQOSHO

Umgangatho ophantsi wokukhula koqoqosho nendlela eyehle ngayo indlela yonaniselwano eMzantsi Afrika, kwakunye nefuthe elibi elidalwe yimbalela oku kwehlisa amanani abatyeleli abatyelela iPhondo oko kudala ukuhla kwamanani abantu abatyelela iimyuziyam nabathabatha inxaxheba kwiminyhadala yephondo.

!Sebe lijolise ikakhulu kwicandelo lobugcisa nemiba yenkcubeko njengetyona nkalo inegalelo ekukhuleni koqoqosho nasekudaleni amathuba emisebenzi. Oku kubonakale kumathuba omsebenzi adaliwego ngethuba lonyaka-mali wangaphambili. Ukongeza, !Sebe lijolise ekuxhaseni nasekuqiniseni imiba yezakhono kwimibutho yobugcisa kwakunye nabo basebenza imisebenzi yobugcisa.

Ukuphendula kumba wokushokoxeka kwemithombo yemali, isebe lizakwenza isicwangciso-qhinga esihlele ukuqinisa intsebenziswano namaziko akwicandelo loluntu nentlalo-ntle yoluntu lenze namaphulo okunyusa umgangatho wale mithombo yezimali likwenza oko ngenjongo yokuphucula !meko ibengcono kakhulu.

Ubume bezoqqosho bukwadala ukungaquiniseki ekufumanani inkxaso-mali isiBonelelo soXomekeko seenkonzo zoovimba beenkcukacha ezibalulekileyo nelifa lemveli nebezinokuxhasa ukufunyanwa kwezixhobo zokusebenza, ukuqeshwa kwabasebenzi nokufakela iziseko ezingundoqo. Ukushokoxeka kwemithombo yemali kungumngcipheko kumsebenzi oqhubayo wokuphunyezwa koLawulo IweMiba yoShishino.

!meko enzima nengazinzanga yezoqqosho ingaba nefuthe elibi kakhulu kuluntu ekuchitheni imali ngokukhululekileyo kwimisitho yemidlalo nolonwabo, oko kuza kuba neziphumo ezibi kakhulu kwiSebe kuba lingazukukwazi ukuthenga impahla nezixhobo zokudlala. Ukungaquiniseki ngeNkxaso-mali eneMiqathango yezeMidlalo kungadala ubunzima obukhulu kwiSebe lingakwazi ukuhambisa iinkonzo ekufanele ukuba lizihambise.

IMEKO YENTLALO

Ukukhula okulindelekileyo kubemi bePhondo kukulindela ukufaka uxinzelelo olongezekileyo lokubanga iinkonzo zeSebe.

Ukukhuthaza ubandakanyo lwentlalo kuluntu kuyakuhlala kungumsebenzi obalulekileyo weSebe. Njengoko uluntu lwasezidolphini luhula, amaziko enkcubeko nelifa lemveli adlale indima enkulu ekuphakamiseni ulwazi kune nokuphuhlisa ukuzazi ubuwena ngokusebeniza iintetho eziqukayo ezibonisa amava obomi.

Umdla woluntu kwimbali yelizwe nelifa lemveli ubonise umdla omkhulu kulutsha kwimiba yokutolikwa kwembali nokufaneleka kwayo. Oku kubonisa ikhono elikhulu kwiimyuziyam ezimanyeneyo ukubanga imbonakalo yalo yentlalo kuluntu ngokusetyenziswa kwengxoxo kule miba, ukubonelela ngeenkqubo ezifanelekileyo, nangokusetyenziswa kwendlela ebandakanyao kunikezelo lwenkonzo. !Sebe liya kwandisa iinzame zalo zolwazi loovimba ukulungiselela ukuphucula ingqiqo kwixabiso lezibonelelo zelifa lemveli, kubandakanywa igalelo loovimba. Kubekho uvuseleleko kwilinge leMbali yomlomo yaye ngoko le nkqubo iya kuqhube ngowama-2019/20.

Ingxelo yeProfayili yeNtlalo yolutsha ngowama-2009-2014 ngokweNkcukacha-manani zoMzantsi Afrika ibonisele ukuba ulutsha lujongene nomngcipheko ophezulu wokubasesichengeni solwaphulo-mthetho. ISebe ngoko liye lajonga kakhulu kwiiinkqubo zokupuhlisa ulutsha kvezobugcisa, inkcubeko, ulwimi, kunye nezemidlalo, ezolonwabo kunye nezamanqanaba eenqubo zasemva kokuphuma kwesikolo.

Uluntu lwengingqi lunamacandelo anxulumene nezemidlalo kuzo zonke izithili zopolitiko lwendawo kwiPhondo.

Inxaxheba eddalwa liSebe kukubonelela ngethuba kubo bonke abantu ukuze babandakanywe kumsebenzi wasekuhlaleni owakhayo ukudala iimeko apho kukho intlonipho nonyamezelwano kuluntu lwethu.

IMEKO YOLWAZI NGOBUGCISA JIKELELE

Ukukhula kwetheknoloji kubonelela ngamaqonga amatsha okunxibelelana nabemi, ze kuni ke ithuba lokuyila okuqulathiweyo okunocamba, okulungiselele okokuba kube lula ukuqhubeka ukuhlaziya kweenkazelo zemifanekiso eqingqiweyo kunye nemisitho yembali. Zindlela ezingaxabisi kakhulu zokwabelana ngeembali nokunika ithuba kwiSebe lokwenjenjalo ngaphezulu kolwimi olunye.

Imeko yokuguqulela kwi-intanethi lelona shishini likhula ngokukhawuleza emhlabeni jikelel kwaye oku kububungqina bokukhula ngokukhawuleza kokusasazwa komculo kananjalo nobugcisa bokufunda nokubhala.

Iprojekthi yokuguqulela oovimba kwi-intanethi kuya kuqunisekisa ukunyuka kwezinga lokufikelela kumnatha we-intanethi kunye nokukhusela abanye oovimba abachongiweyo ukuhlangabezana nemfuneko ekhulayo.

IProjekti yoThungelwano IweThala leeNcwadi laseMaphandleni (RLCP), iMzansi Libraries Online nokuQaliswa koThungelwano Iwe-intanethi namalinge e-Wi-Fi ayaqhuba ukubonelela uluntu kufikelelo Iwe-ICT.

Okuqhelekileyo kulawulo Iweenkcukacha, okunje ngoguqulelo kwi-intanethi nolawulo Iweerekodi ze-elekroniki ziqhubecka njalo ziguquka kwaye iSebe kufuneka liqhubeke nezindlela. Umnatha we-IT ofanelekileyo uza kukwenza kubelula ukufikelela kwimifanekiso eguqulelwe kwi-intanethi nokuqulathwe kwi-elektroniki.

Uluntu, ngakumbi ulutsha, lonyuse izinga ekusebeniseni i-intanethi, besebenisa iinkcukacha ngolwazi lokuziyolisa olufumaneka kwi-intanethi. Kuyimfuneko kwii-myuziyam ukuqunisekisa ukuba imiboniso neenkqubo zoluntu luyafikeleka kwiminatha ye-intanethi kwaye kufuneka ifanele ulutsha.

UBUME BEZENDALO

Imbalela nokunqongophala kwemithombo yamanzi kuya kubanefuthe kwimisebenzi yeSebe. Utyelelo Iwezemidlalo luyakuchaphazeleka apho iimanyano zingazi kubanakho ukubamba iminyhadala ngenxa yobume bezendalo. Imbalela eqhubekayo iza kubanempembelelo kumaziko ezemidlalo njengoko ukugcinwa nokuxhaswa kuza kuba ngumngeni. Ukongeza, iindlela zokulondoloza amanzi zenziwe kulo lonke iSebe, umz. kumaziko enkcubeko, kwimyuziyam, nakwezemidlalo.

ISebi lizakukhangela ezinye iindlela kwindawo zemidlalo ezixhomekeke emanzini nezinye iindawo apho kunokufunyanwa khona amanzi.

Imbalela eqhubekayo kune nemililo egquggisayo kwiPhondo liphela, iindawo ezinje ngeMossel Bay nedolophu yembali yaseWupperthal, ebe nomonakalo omkhulu kukutshabalala kwemithombo yelifa lemveli. ISebe, ngokusebenzisa iqhumrhu leLifa lemveli laseNtshona Koloni, liqhubekile ukusebenza noomasipala bezekhaya kune nabachaphazelekayo ukulawula iindlela zexeshana nezexesha elide zokudambisa.

Umngcipheko wentlekele yendalo okanye iziganeko zemozulu ekwiqondo eliphezulu kungakhokelela ekonakaliseni iingqokolela zoovimba, ngako oko ke ukulungiselela intlekele nokulungisa njalo izakhiwo zooVimba kubalulekile.

IMEKO YEZOMTHETHO NEZOLAWULO

Ukukhula kobunzima ngakumbi kwimigangatho karhulumente nakubalo-mali, ubuchule obuphantsi kwimigangatho ye-GRAP phakathi kwababali-mali kune nabasebenzi kwimimandla yasemaphandleni ngakumbi yenza kube nzima kwiimyuziyam ezimanyeneyo kune nemibutho yobugcisa nenkcubeko ukufumana iingxelo zophicotho-zincwadi ezingenaziphene.

UBUME BEZOKHUSELO NOKHUSELEKO

ISebi liya kuqwalasela iindlela zokuphuculwa kokhuselo nokhuseleko lwabo bonke abantu, amaziko nezibonelelo eziphantsi kolawulo lwalo, ingakumbi ukugcinwa ngokukhuselekileyo kwezibonelelo zelifa lemveli. ISebi libonelele ngenkxaso-mali eyangezelelweyo ukuphucula ukhuseleko kwiimyuziyam kune namaziko enkcubeko

5.1 Imeko ekusetyenzwa phantsi kwayo

Ibangi elilungiselelwie iinkonzo zeSebe lichazwe apha ngasezantsi ngokuhambelana neenkonzo ezinikezelwe liSebe:

INkubo yeMisebenzi kaRhulumene Eyandisiweyo

linkqubo eziguqlweyo zeSebe ukulungiselela ukunikezelwa kwamathuba omsebenzi kulutsha kwiCandelo leNkcubeko le-EPWP yandisiwe ukubandakanya ingengawo nje kuphela amathuba kubugcisa, kwinkcubeko, kulwimi, iimyuziyam, neenkonzo zelifa lemveli, kodwa ngokunjalo kwiinkonzo zethala leencwadi nakwicandelo loovimba beenkcukacha ezibalulekileyo. Ukujolisa ekudaleni amathuba emisebenzi kunyukile ngowama-2019/20.

linkonzo ubugcisa, inkcubeko, kune neelwimi

Ezoqoqosho, ezentlalo kune nemeko yezendalo – ezibonakaliswa kukunqaba kwengqesho, ukucotha kokukhula koqoqosho kune nokuguquka kwemozulu, yenze iSebe likwazi ukuqwalasela iindlela ezinizi zokwenza izinto ezintsha ukufeza igunya layo. Indawo yezenkcubeko nezentlalo ifuna ukuhlaziya kwakhona ukubonelelwie kwenkonzo yangoku ukuze kulungiswe uluntu ngakumbi.

limfuno zentlalo-qoqosho kufuneka njalo ziqhubeke ngokukuqinisa intsebenziswano kune noomasipala, uluntu kune nabachaphazelekayo ukwenzela ukuba iinkqubo kune namanyathelo ajonge phambili kwaye ahambelane neemfuno zabamkeli beenkonzo zethu. Kuye kwaba nomgudu wokuvavanya iinkqubo zangaphakathi kwiimpembelelo eziphezulu kwiimeko ezikhoyo zokushokoxeka kwemali.

Ibhaso lokuphumelela iNkqubo yoPhuhliso IweDrama liya kuqinisa ngobudlewane obuye bukhuthazwe ngoomasipala abakhethiweyo. Ukwanda kothatho-nxaxheba kulindelekile njengoko oomasipala bazibophezele ekwenzeni iindawo zabo zokuzihlaziya zifumanekananjalo baye bazibophelela ekuncediseni ngenkxaso kwimisebenzi yenqubo. Ubudlewane kanye noshishino losasazo lorhwebo luya kuqhube ka lunika abadlali abasaqalayo amathuba okuba bavelele kwimeko zobungcali bomabonakude kuquka iindima zokulingisa. Ukuze unike ulutsha ithuba lokufunda ubugcisa, amathuba aya kuququzelewa ngeminyhadala emikhulu ukubekwa kwiimeko zemisebenzi eyahlukeneyo ekwakheni le minyhadala mikhulu ePhondweni. Ulutsha luya kufakwa kwiinkalo zokwamkela abahambi, ukuthengiswa kwetikiti, ulawulo lokulinganisa nemidlalo yeqonga kanye neenkalo zobuchule ziukiwe ezinje ngenjineli vezandi, nabayili bamaqonga nokukhanyisa. okwenza imidlalo yeqondnokuphathwa kwecandelo kanye nemiba yobugcisa echaphazelekayo njengobunjineli bomsindo, ukukhanyisa nokuyila. Ukukhula kanye nempumelelo yale Nkqubo kule minyaka isibhozo yokugqibela sele iphumelele iBhaso loBhedu kwiNkonzo yokuGqwesa yeNkulumbuso kowama-2018/19, kudidi Iweyona Nkqubo yoPhunyezo iNgcono.

Kwinkqubo yoMcuso, uKhuphiswano lokuBhala iNgoma luya kusasazwa kuzo zonke izithili zasemaphandleni ngokusebenzisana noomasipala basekhaya. Ngowama-2018/19, le projekthi yafumana abaculi beengoma abanobulumko kanye nababhalu beengoma ababengabagwebi kwizakhono zokubhala ingoma ukuze bathathe inxaxheba kucweyo nabavelisi bomculo abaqueshwe kanye nabalobi beengoma aphi abathathi-nxaxheba bafunda khona malunga nemboni yomculo. Ababhalu beengoma eziphumeleleyo baya kuthatha inxaxheba kwinkqubo yokucebisa iinyanga ezintandathu konyaka-mali wama-2019/20. UMnyhadala weekwayala uya kuqhube ka ukugqithiselwa kwizithili zasemaphandleni ngokugxila ngakumbi kulutsha.

Inkqubo yomsebenzi woBugcisa ethe yaphumeza iProjekthi yomsebenzi woBugcisa i-Musee ngokubambisana kanye neemyuziyam ezincedisiweyo zephondo kumaspala osekuhlaleni ziya kuphuculwa. limyuziyam ziya kuqhube ka nokubonelela ngeendawo zokuthengisa eziqhelekileyo ukuthengisa umsebenzi wazo.

Ngokuqeshwa kweGosa loMdano kutshanje, iNkqubo yeMdano iya kuqinisa ubudlewane bayo kanye nemibutho yomdaniso kanye noomasipala.

Inkqubo yokuqalisu iye yaqina kwaye iSebe liza kuqhube ka nokusebenzela ukudala nokwenza imeko ekhuselekileyo yale nkubekelo. Ubume benkqubo bufuna intsebenziswano ethe rhoqo nabachaphazelekayo kubandakanya neSebe lezeMpilo, uPhuhliso loLuntu, uRhulumente weNgingqi, elezeMfundu, i-SAPS, i-Cape Nature, oomasipala abohlukeneyo kanye ne-Mountain to Ocean (MTO). ISebe liya kuba neeseshoni zokuqwalasela kwakhona kanye nooGqirha beMveli nabaNyamekeli ukuze kuphucuke indlela yokusebenza. Umthetho osaYilwayo weMveli kanye namaKhoi-San, owamiselwa ngoNovemba ka-2017, uza kuba nefuthe kwiNkqubo yoLwaluko njengoko sisazi ukuba iinkokheli zemveli ngabagcini boLwaluko. Kwakhona kunokuba nefuthe ekuqapheleni iiNkokheli zeMveli zamakhoi kanye neSan kuxhomekeke kwiziphumo zeKomishini yeMicimbi yamaKhoi namaSan ezakumiselwa ngokomthetho. Umthetho osaYilwayo wavunywa ziziNdu zePalamente kwaye ungeniswe kuMongameli ukuba awamkele. Ukongezelela, uMthetho osaYilwayo weSiko loLwaluko obekwinkqubo yothatho-nxaxheba koluntu kutsha nje ngokusebenzisa iKomiti yePotifoliyo kuLawulo loBambiswano kanye neMicimbi yeMveli emiselwe ukuba nefuthe elihle kwiSiko loLwaluko kuzwelone. Injongo yomthetho ondululweyo ku:

1. kubonelela ngemithetho esebezayo yezenzo zesiko loLwaluko;
2. kubonelela ngokumiselwa kweKomiti yoBeko-liso kuLwaluko kaZwelone kanye neeKomiti zoQuquzelelo loLwaluko IwePhondo kanye neminye imisebenzi;
3. kubonelela ngoxanduva, indima kanye nemisebenzi yabadlali-ndima abaqukiweyo kwizenzo zolwaluko kananjalo okanye kwiinkalo zikarhulumente;
4. kubonelela ngolawulo olunempumelelo kwizikolo zolwaluko;

5. kubonelela ngamandla olawulo abaPhathiswa neeNkulumbuso; kwano
6. kubonelela ngobeko-liso kuphunyezo lwemithetho ngokwephondo ngalinye.


Isabe alinako ukuhlangabezana nezidingo zemali yemibutho kungoko umanyano lokusebenzisana phakathi kwemibutho kukhuthazwa. Isidingo sibonakale kwizicelo ezifunyanwayo kwimibutho ngonyaka-mali wama-2018/19, oko kukuthi, izicelo ezili-157, ngemali efikelela kuma-R70 352 648. Ngokubhekiselele kwimali-nkxaso ekhoyo, inani lemibutho ejongene nokunikwa inkxaso kulo nyaka ingama-55.

Isebe lizama ukuqinisekisa ukusetyenziswa ngokulinganayo kweelwimi ezintathu eziemthethweni zaseNtshona Koloni ngokusebenzisa iinkonzo zayo zokuguqulela nokutolika kune nokuhuthazwa kweelwimi ezininzi ezibandakanya uLwimi IweZandla IwaseMzantsi Afrika kune nokuphakamisa izinga kune nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezilwimi zomthonyama zabantu baseNtshona Koloni abamawonga abo nokusetyenziswa kweelwimi zabo bekukade kungaselwazo ngaphambilini. Kuya kuqhube ka nokubonelela ngeengcebiso kwiKomiti yeeLwimi zePhondo leNtshona Koloni kune nokugcina ubudlelwane obusebenzisana neBhodi yeeLwimi zaseMzantsi Afrika (PanSALB).

Imyuziyam, amagama eendawo, kune neenkonzo zelifa lemveli

Indima eddalwa ziimyuziyam, ilifa lemveli kune namagama eendawo ifumene ingqwalasela eyongezelekileyo kwiminyaka edlulileyo. INTshona Koloni ineyona nkhalab enku kwiimyuziyam kwilizwekazi laseAfrika. Oku kubandakanya amaZiko eNkcubeko aBhengeziwego, iimyuziyam ezinxulumene neSebe, abo balawulwa ngoomasipala, amaziko eemyuziyam ezilawulwa ngamasebe karhulumente kazwelone kune nee-arrhente okanye amaziko emfundu ephakamileyo, kune nabanye abachaphazelekayo kwicandelo labucala nabantu abazimeleyo. Indawo yemanyano yeemyuziyam kulo lonke iPhondo iboniswe kwimephu engezantsi:

Ukusabalala kwendawo yeemyuziyam ezinxulumene neNtshona Koloni



INkonzo yeMyuziyam iya kuqhubeka nokuxhasa imyuziyams ezifumana uncedo ephondweni kune neenkxaso-mali ezincedisayo kwiimyuziyam zasekuhlaleni ngowama-2019/20 ukuqinisekisa ukuba ii myuziyam ezimanyeneyo zinemali eyaneleyo yemisebenzi eqhubekayo.

Ukongezelela koko, iNgqungquthela yeeNkonzo zeMyuziyam iya kubanjelwa ukubonelela ngoqequesho kubaPhathi beemanyano zeMyuziyam kwaye isebeza njengeqonga apha abaPhathi beMyuziyam nooSihlalo bamaqumrhu alawulayo eemanyano zeemyuziyam baxoxa ngemicimbi ebalulekileyo neNtloko yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

UMphathiswa wavula iBhodi entsha yeTrasti yemiQolomba ye-Cango ngomhla wesi-4 kuTshazimpunzi kowama-2018 ngokwemiqathango yoMthetho weeMyuziyam ongunombolo 8 ka-1975. Oku kukuqinisekisa ngobeko-sweni imiQolomba yeCango iphuculwe kakuhle. IBhodi yeTrasti entsha iya kuqinisekisa ngakumbi ngentsebenziswano phakathi kwePhondo noMasipala wase-Oudtshoorn njengabameli abasuka kwiinkalo zombini zoorhulumente abakhonza kwiBhodi yeTrasti. ISebe ngokubambisana ne-DLG liya kupuhlisu inkqubo engumzekelo woshishino ukwenzela ukuseka indlela efanelekileyo yokusebenza kwemiQolomba yeCango Caves.

Kwimizamo eqhubekayo yokuphucula ukunikezelwa kwenkonzo kuluntu, iNkonzo yeMyuziyam yaqalisu iNkqubo entsha yoQhelwaniso nokuBeka iliso kwabaPhathi beMyuzimi kunyaaka-mali wama-2018/19. Inkqubo ibonelela ngoqhelwaniso oludingekayo kubaphathi beemyuziyam abatsha abangena kwinkonzo yeemyuziyam.

ISebe lifuna ukwakha ukubaluleka kwemyuziyam ekuhlaleni ngokukhuthaza ubumnini ngokusebenzia iinkqubo, ukuthatha inxaxheba, kune nezenzo zokubonisana. Xa kunokwenzeka iSebe liya kuqwalasela amathuba okubandakanya ii myuziyam ezonegezelweyo kune nokubonelela ngoncedo olululo kwiimyuziyam ezingaphandle.

INkonzo yeMyuziyam iya kusebenza kune neemyuziyam ezimanyeneyo ukuze zifumane iindlela zokwandisa ixabiso abalinikezela kuluntu ngokuphuhlisa inkqubo kune nokufikeleka, uqequesho, ukugcinwa kwemiboniso, ukuphuhlisa kwengqokolela, ukuphathwa kune nokufikeleka. Ngaphezu koko:

- Isigaba esilandelayo senguqu yeMyuziyam yase-Worcester iya kwandisa kwindlela yokulima kune namava nakwimisebenzi yefama ukuphucula iminikelo yayo. Oku kuya kuba lithuba lokugxinisa ifuthe lemisebenzi yemveli kwicandelo lezolimo.
- Imbali yasekuhlaleni ibonisa kwiMyuziyam yase-CP Nel, iMyuziyam yase-George kune neMyuziyam yase-Bartolomeu Dias ziyakutelewa kwakhona ukuze zibambe iingxelo ezibandakanyayo nezithi zibenegalelo lobumnini kuluntu ngokubanzi.
- Imiboniso eyongezelweyo (ngokukodwa kwi-intanethi) iya kwenziwa kwiMyuziyam yaseKapa. Yaye iya kubonisa iimbali ezingaziwayo kakuhle kwaye ezi ziya kuba sisiseko sokubandakanya uluntu ngokubanzi lwasixeko kwiinkqubo zoluntu.
- Ukungcwatywa kwakhona kweentsalela zemizimba yabantu yabanjelwa kwiimyuziyam ezimanyeneyo, eziqale ngexesha lowama-2017/18, kuyakuqhube.
- Isibini esongezelweyo semiboniso emibini ehambayo iya kuveliswa ukuxhasa iinkqubo eziya eluntwini kwiimyuziyam kune nakwezinye iindawo zelifa lemveli.
- Iprojekthi ezintsha zelifa lemveli, eziqale ngeProjekthi ye-Denis Goldberg Legacy ziya kuqhube ka ukufumana inkxaso yobugcisa/yobungcali.
- Ukuphakanyiswa kweempawu zelizwe kune nemiyalelo yesizwe kuya kuqhube ka njengenxalenyne yokwakha isizwe nokuhuthaza ubumi belizwe.

linkqubo ezintsha zemfundo ejolise kuluhlu lwabalindi bemyuziyam ziya kukhuthaza ingxoxo, ukuphuhlisa, nokunika ulwazi kune nezakhono.

IKomiti yamaGama eeNdawo zePhondo leNtshona Koloni, iqumrhu elicebisa ngokumiselwa kwemiqathango yoMthetho weBhunga lamaGama eeNgingqi waseMzantsi Afrika, iya kuqinisekisa ngamagama angama-340 eempawu zendawo kwiNtshona Koloni. La magama, ngaphambi kokuba angeniswe kwiKomiti eza kunika isindululo sayo, ngophando olucokisekileyo. IKomiti inokuthumela iziphakamiso kwiBhunga lamaGama eeNdawo laseMzantsi Afrika.


INkonzo yeThala leencwadi

Inkonzo yeThala leNcwadi leSebe iyaqhube ka nokwenza inxaleny ebalulekileyo yeenkonzo ezinikezelwa kubantu baseNtshona Koloni. Uluntu lonke lunelungelo lokufikelela kwi-intanethi kune neenkonzo zolwazi. ISebe lixhasa kwaye ligcina iindawo zenkonzo zethala leencwadi ezingama-376 ezazisasazeka kwiPhondo lonke malunga nama-847 873 amaLungu eThala leencwadi ababhalisiweyo. Isebe ngoku lifumana isabelo esikhulu kwiSibonelelo soXhomekeko evela kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko efikelela kwi-R176 624 000 ngowama-2018/19 ukuxhasa inkxaso-mali zamaThala eenewadi zoLuntu.

IZIBONELELO ZOXHOMEKEKO EZIFUNYENWEYO UKUPHUCULA AMATHALA EENCWADI OLUNTU	
Unyaka	Imali efunyenweyo
2018/2019	R 176 624 000
2017/2018	R 171 264 000
2016/2017	R 164 162 000
2015/2016	R 158 469 000
2014/2015	R 126 347 000
2013/2014	R 68 542 000
2012/2013	R 56 129 000
2011/2012	R 48 694 000

lindawo zamathala eencwadi kwiPhondo ziboniswe kwimephu engezantsi:

Ukusasazwa kwamathala eencwadi ngokweendawo zayo eNtshona Koloni



Inani lamathala eencwadi ngokwabemi kwiPhondo lithiwe thaca ngezantsi:

Ingingqi	Inani lamaziko amathala eencwadi	Uluntu*	Ulinganiselo
Intshona Koloni	376	6 279 733	1: 16 657

*Imvelaphi: liNkukacha-manani zoPhando loLuntu loMzantsi-Afrika ngowama-2016

lindlela zokuphucula umgangatho onxulumene nethala leencwadi zicwangciswe ngolu luhlobo lulandelayo liSebe:

- Ukuthengwa nokubonelelwa ngezixhobo zethala leencwadi ukukhuthaza ukufunda kwanokufunda kwanaphakade;
- Ukusekwa kweProjekthi yoThungelwano IwamaThala eeNcwadi asemaPhandleni kwiziza ezongezelelweyo zethala leencwadi zoluntu emaphandleni;
- Ukuxhaswa ngokupheleleyo ngemali komasipala oninzi lwabo lukuluhlu lwe-B3;
- Ukubonelela ngenkxaso-mali ngokungaphelelanga kwiSixeko saseKapa kusetyenziswa isiBonelelo seThala leencwadi leMetro;
- Ukupuhhlisa izakhono zabasebenzi bobugcisa nobuchule ngokusebenzia iinkqubo zoqequesho ezinzi;
- Ukuseka amathala eencwadi amancinci amahlanu awongezelelweyo abangaboniyo, abangaboni kakuhle, nabasebenzisi bebreyile;

- Ukuqhubeka ngeenkubo zokukhuthaza nezokwazisa ukuphucula ukusetyenzisa kwethala leencwadi;
- Ukubonelela ngenxaso-mali kumathala eencwadi amatsha kunye namathala eencwadi aphuculiweyo;
- Udlulisel o wenxaso-mali koomasipala eza kunisa abasebenzi bethala leencwadi nezakusetyenzisa kwiindleko zemisebenzi eyenziwayo;
- Ukuqhubeka ngokuquesha abaxhamli be-EPWP.

linkonzo zooVimba neeRekhodi

ISebe liyaqhube ka ukulondoloza nokubonelela ngofikelelo kwezixhobo zembali kubaphandi basekuhlaleni nabamazwe ngamazwe. ISebe liyazama ukusebenzisa ubugcisa obukhoyo ukubonelela ngofikelelo kwizixhobo zembali, ngenxa yoko iqalise ngokuguqulela iirekhodi zembali kwi-intanethi ngokulondoloza nokufikelela kwi-intanethi. Ukongeza, iSebe lifaka imali yalo kubugcisa ukulawula nokubonelela ngofikelelo kwiirekhodi ezikhoyo. Ulawulo lweerekhodi ze-zelektroniki zenze, ngokuphunyeza kwe-MyContent ukuchonga amasebe karhulumente. Ulawulo lweerekhodi ezimanyelwayo zibalulekile kakhulu kuthatho loxanduva kunye nakulawulo olusulungekileyo, ngenxa yoko iSebe liyaqhube ka ukuqequesha nokuxhobisa abasebenzi nabo banomdla ngolawulo nolwazi lweerekhodi nezakhono.

ISebe lenze uvavanyo olusesikweni loLawulo lokuQulathwe kwi-Elektroniki kuyaka-mali wama-2018/19. Injongo yovavanyo ibikukuqinisekisa ukuba i-ECM Solution iphunyeza ngokufanelekileyo njengokuba i-ECM ibiyiNkqubo exananazileyo ngowama-2009 kunye neMeko yoShishino ukuze kwaziswe ngohlaziyo kwakhona kwesakhelo sokuphumeza kwinqanaba elilandelayo lophunyezo lwe-ECM.

Ezinye zezinto eziphambili kwezfuyenwego kuhlaziyo kwakhona zezi zilandelayo:

- I-ECM Solution exananazileyo yase-WCG ifaneleke kakhulu xa kuyilwa.
- Kukho imfuneko yokunxulumanisa imbali yemveli ne-ECM ngezakhono zale mihla kunye namava afanele umsebenzi.
- I-ECM Solution ikhuthazwa kwaye icwangciselwe i-Blueprint, iMeko yoShishino kunye namaxwebhu axhasayo kuthathwa ngokuba kufanelekile kwaye kulungile ngokupheleleyo, ngelixa kuqatshelwa ukuba zibekhona iziphene malunga nenqubo elandelweyo nokulandelela.

Ezinye izindululo ezivele kuhlaziyo kwakhona zezi zilandelayo:

- Umbono oxananazileyo woLawulo lweenkukacha zoShishino kufuneka wenziwe ngokuhlanganisa amasebe
- I-MyContent kufuneka igcinwe njenge-Solution ye-ECM yase-WCG exananazileyo
- Amandla eqela le-ECM ye-DCAS kunye nolwabiwo lwemali kufuneka lphuculwe ngcono
- Isakhelo somgaqo-nkqubo we-ECM kufuneka uphuhlisiswe ukuze ubonelele ngobubanzi obuhambelanayo ukunxulumanisa nemigaqo-nkqubo ekhoya ephantsi kweECM enje ngolawulo lweerekhodi, uguqulelo kwi-intanethi kunye nezinye.

Uhlaziyo lungqina ukuba i-ECM ithathwa njengendlela eya phambili malunga nokwenza urhulumente alungele imihla yangoku. Olu hlaziyo lusesikweni luqalwe lisebe ngokusebenzisana ne-DotP nemisele isiqalo ngokubhekiselele kwindlela iWCG eya kuwavavanya ngayo amanye amalinge e-ICT xa kufikwa kwicala lobugcisa kushishino kurhulumente.

ISebe lifikelele kulo lonke uluntu ngobandakanyo lwentlalo. Ukuze kubonelelwé ngolwazi, iinkqubo zeenzonzo eziya eluntwini zembali yoovimba ziqaqhubeka ukudluliselwa kulo lonke uluntu kwiNtshona Koloni. Izikolo noluntu bahanjelwe ukubanika iinkcukachá ngokubaluleka koovimba. Inkqubo eya eluntwini ebalulekileyo yileyo yeVeki yooVimba kaZwelonke, eyinkqubo ethatha ivedi eneenqubo ezahlukileyo zokwazisa ngoovimba. Okuggamileyo kweveki lucweyo lomlibo wezityalo nowezilwanyana, apha abathathi-nxaxheba baxhotyiswa ngezakhono zophando lwembali yosapho.

Ngomoya wobunye, uvimba ulondoloza aze abonelele ngofikelelo kwimbali yomlomo wabantu baseNtshona Koloni. limbali zomlomo ziyarekhodwa zize zifunyanwe luluntu kumathala eencwadi, kwiimyuziyam nakoovimba. Injongo kukongeza kwimbali ebhaliweyo ese le ikhona kumaziko esebe.

UTYELELO KOOVIMBA							
Unyaka-mali	2012/13	2013/14	2014/15	2015/16	2016/17	2017/18	2018/19
Inani labatyeli (uqikelelo)	7 947	9 577	12 021*	10 731	9 278	8 931	8 600**

*Iqondo elingaqhelekanga lokunyuka kotelelo Iwensiwe yiprojekthi yobango lomhlaba neyenzeke ukususela ngowama-2014/15.

** Okujoliswe kuko nge-APP nganye ngowama-2018/19.

linkonzo zoLawulo IweeRekhodi kubonelelwé ngazo kumaqumrhu karhulumente angama-56 aseNtshona Koloni ukuze kubekho ulawulo olufanelekileyo. ISebe liyakuqhubeka ukubonelela ngenkxaso engqalileyo kuLawulo lokuQulathwe kuShishino, nakwiprojekthi yolawulo Iweerekhodi ezixananazileyo ze-elektroniki.

Ngeli xesha isenza umsebeni wayo ophambili iNkonzo yooVimba liceba ukuphucula nokunka ezi nkondo nemisebeni ilandelayo konyaka-mali wama-2019/20:

- Ukuqinisa iindlela zokulawula iirekhodi kumaqumrhu karhulumente ngokusebenzisana nawo ukuphumeza iinkqubo ezikhoya kune neenkqubo zokuhelwa kweerekhodi ezibalulekileyo ngokufanelekileyo. Ukuze kuqinisekiswe ukuba baxhotyisiwe ukufezekisa ngokwenza umsebeni wabo, iikhosi zoqequesho olufundisayo zizakunikezelwa kubalawuli beerekhodi kune nakubasebeni ababhalisayo kumaqumrhu karhulumente. Ingqwalasela ephambili iyakuniswa amaqumrhu karhulumente abanezidingo ezizodwa. Ukuncedisa nokuphumeza iinkqubo zoLawulo IweeRekhodi ze-Elektroniki (ERM) kumaqumrhu karhulumente. Isikhokelo siyakunikezelwa ngokuphunyezwá kweenkqubo ze-ERM ezifanelekileyo kune nezidingo zokuguqulela kwi-intanethi iirekhodi zoluntu ukuqinisekisa ukuba imimselo esemgangathweni iyalandelwa. Uqequesho kuLawulo IweeRekhodi ze-Elektroniki luyakuqhubeka.
- Ukuguqulela kwi-intanethi iirekhodi zembali kune nokunyusa izinga lokufikelela kulawulo loluguqulelo ukuzenza zibenako ukufikelela kumnatha omtsha we-intanethi ukuze uhlangabezane nezidingo zabasebenzsi emhlabeni ngokubanzi.
- Ukuqhubeka ngokunikezela ngeenkonzo ze-intanethi kwizindlu zokufundela ukuze kubelula ukufikelela kwiirekhodi zembali.
- Ukuphumeza nokubeka esweni ukulandelwa kwemithetho yemigaqo-nkqubo, imisebeni nemigqaliselo ukuze kuphuculwe unikezelo Iweenkonzo eluntwini kwaye kuphunyezwé ulawulo olungcono lolawulo Iwenckukachá nerekhodi zehlabathi.
- Ukubhaliswa kwabaphandi kuvimba wenckukachá wobuxhakaxhaka bale mihlaukwenzela ukuba kwenziwe ngcono indlela yokunxibelelana nabo.

- Ukupuhhlisa indlela yokusebenza esemgangathweni yabasebenzi nezakhono ezisemgangathweni ingakumbi kwimeko yokuguqulela kwi-intanethi.
- Ukusebenza ngokusondeleleneyo neKomiti eNika iiNgcebiso zooVimba beeNkcukacha ezibalulekileyo.
- Ukunika inkaso engama-110% ye-Green strategy kunye neenkqubo zokusetyenziswa kwakhona kwezinto (iresayiklingi) nokonga umbane kunye namaphulo okwehlisa ukusetyenziswa kwephepha nokuthi kwensiwe inkqubo eyi-e-filing neyokuguqulela kwi-intanethi.
- Ukuqhuba ne-ECM exananazileyo ye-WCG (uLawulo lokuQulathiweyo kwiShishini) iProjekthi yoPhunyezo neyayisungulwe ngowama- 2013/2014. Inkaso iya kunikwa kumasebe asebenzisa le-ECM.

linkonzo zemidlalo

ISebe libonelela ngeenkonzo zalo ezinxulumene nemidlalo ngokusebenzisana noluntu kunye neemanyano zezemidlalo. ISebe lijolise ekuthatheni indlela ngokupheleleyo edibanisa uphuhliso lobunzululwazi kwezengqondo, amalungu omzimba, kunye nophuhliso Iwezomphefumlo nempilontle yabantu noluntu lwayo.

Ngowama-2019/20 iSebe liya kunika inkaso kumaziko oqequesho Iwezemidlalo asixhenxe kwizithili ezithandathu zePhondo, kwakunye nenksaso kwi-WECSA (Western Cape Sports Academy), iqumrhu eliquuzelela iKapa ekunikezeleni ngenkonzo yePhondo.

IMibutho eManyeneyo ngothelelwano neSebe iya kunceda ekuqinisekiseni ngento yokuba inkaso-mali eyamkelweyo elungiselelwe imidlalo iya kusetyenziswa ngokupheleleyo ukulungiselela uncedo lwemidlalo kwiPhondo. Intsebenziswano esondeleyo noomasipala, imibutho emanyeneyo nemibutho yoluntu iya kwandisa ngokunjalo unikezelo Iweenkonzo zemidlalo nolonwabo kwiPhondo.


Kwisithuba sonyaka-mali wama-2018/19, iSebe lisebenze nemibutho emanyeneyo yemidlalo eli-120 eNtshona Koloni, ngokunjalo namabhunga emidlalo amathandathu esithili angala, iMetro, iWest Coast, Overberg, iCap

Inkaso iyanikezelwa kuyo yonke imibutho emanyeneyo eyamkelweyo nefanelekileyo ngokukhutshelwa kwenkxaso-mali eksutshelweyo ethi ibonelele wonke umntu kubandakanya uMbutho oManyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni

Imisitho engundoqo ifake ifuthe ekushiyeni umzila ngokubanzi kwanokuxhala ezotyelelo Iwezemidalao ukufikelela kwiSebe. Imisitho emikhulu ichazwa njengamisitho aphi amaqela amazwe ngamazwe, kazwelonke okanye wephondo okanye wesithili akhuphisanyo, okanye iseshoni yamazwe ngamazwe okanye inkomfa ebanjiweyo yimanyano yezemidlalo eyaziwayo.

INkqubo yoPhuhliso loMbutho (CDP) ibonelele imibutho eli-180 (kuquka imibutho esemaphandleni neyasezfama) ngowama-2018/19 ngokusebenza ezothuthu, umthamo, inkaso kwiiligi nokubonelela ngezixhobo nesinxibo. I-CDP iquka iNkqubo yoPhuhliso IwezeMidlalo yasemaPhandleni aphi iSebe libonelela ngeenkqubo kuluntu olwahikeneyo kwiPhondo.

Imibutho efumene inkxaso kwiSebe ePhondweni:



Ukuhla ukususela kowama-2014/15 ukuya kowama-2015/16 kwenzeke kuba inkxaso-mali yesiBonelelo soXomekeko sikaZwelonke sihlile njengoko inkxaso-mali yayidingeka kwiprojekthi yokulingwa kweNkqubo yoPhuhliso loMbutho e-KZN naseLimpopo. Ipesenti yesiBonelelo soPhuhliso loMbutho yanikezelwa kulomaphondo. Ukuhla ukuya kwi-180 lembutho ngowama-2017/18 kungenxa yokuqhube ka kweeprojekthi ezilingwayo e-KZN nase-Limpopo kunye nogxininiso olutsha kupuhliso lombutho emaphandleni (kunye neefama). Oku kukwanxulumene nokucuthwa kokujoliswe kuko ngowama-2018/19.

iSebe linoxanduva lendawo yokuzilolonga i-WCG Gym ejonge ukukhuthaza indlela yobomi esempilweni nokuphila kakuhle ngaphandle kwabasebenzi bakaRhulumente weNtshona Koloni Angama-261 amalungu e-WCG Gym ngokwasekupheleni kwegoMqungu kowama-2019. i-Gymnasium isetyenziswa njengesixhobo sokuxhasa iNtshona Koloni kwiNkqubo yokuphila kakuhle (WoW).

linkonzo zolonwabo

Ulonwabo linqwanqwa apho imidlalo ingaphuhla khona yaye ikhule, njengoko ulonwabo lukhuthaza ifilosofi nemithetho yentlalo yendlela yokuphila esempilweni, inkuthalo yobomi bonke kunye nokufunda ubomi bonke. Ulonwabo lunikezela ngemisebenzi elungiselelwane yonke iminyaka yobudala kunye mhlawumbi yaye lunakho ukuvuselela ikhono elithe lakho ngaphakathi kubantu. Imizekelo yale misebenzi ibandakanya:

- Izinto ezoNwabisayo zokuDlala;
- linkqubo eziGuquliweyo
- liNkqubo zeMidlalo yeMveli
- liNkqubo zamaZiko oLonwabo neMinyhadala;
- liNkampu zoLutsha
- liNkqubo AbaHlali abaDala/iMidlalo yakuDala;
- UHambo oluKhulu; kunye
- AmaPhulo ezeMidlalo noLonwabo.

Ukongeza, ulonwabo lubonelela umntu ngamnye ngokubona izinto ngolunye uhlolo ebomini kwanamathuba akhoyo abanokuzinxulumanisa nawo. Ngokuququzelela iminyhadala yezolonwabo kwiPhondo, iSebe lijolise ekulungelelaniseni uthungelwano phakathi:

- Komntu ngamnye naye (umntu ngamnye afunde ukuzazi);
- Uluntu nolutsha kwanolutsha noluntu;
- lintsapho (uLutsha nabadalha ngokuphendulelekayo);
- Abantu kumsebenzi (Imisebenzi kubaqeqeshi);
- Uluntu (Uluntu ludlala kunye); kunye
- Abantu besuka ekuguleni ukuya ekuphileni

linkonzo zeMidlala yeSikolo

IMidlalo yeZikolo iyila inqanaba elilandelayo lamathuba kulutsha olusesezikolweni, kulonwabo nemidlalo, ngokunjalo nakubugcisa nenkcubeko. Ezi zikhuthazwa ngeendlela ezininki, ezithi zibandakanye oku kulandelayo:

- Inkxaso kwizikolo ezinomdla ezisebumelwaneni kumaZiko e-MOD afanelekileyo. Eli phulo libizwa ngokuba yiNkqubo yeZikolo eziseBumelwaneni (NSP);
- Uphuhliso Iwezikolo ezisebumelwaneni, apha iNkqubo yeZikolo eziseBumelwaneni, zifakwa kunye namaZiko e-MOD asebumelwaneni, kwiinkqubo zolonwabo, zemidlalo, zobugcisa kunye neenkqubo zenkcubeko kunye nezakhiwo ezikhoyo kubumelwane obuthile, kwaye ukuba ezi azikho, ezeMidlalo yeZikolo iqhuba inkqubo ebonakalisa ukukhuthala efanelekileyo kunye/okanye isakhiwo, umz. umbutho wezemidlalo kunye/okanye umbutho womdaniso.
- Ukuncedisa iSebe lezeMfundu laseNtshona Koloni (WCED), endima yalo noxanduva lwayo ikukuqinisekisa ukuba iiligi zesikolo nezinye ziyaphunyezwa (jonga kwitheyibhile engezentsi), ngokukhuthaza inxaxheba yezinye izikolo, apha kungekho kuthatha nxaxheba kusesikweni okuhoyo;
- Ikhowudi kunye nophuhliso oluthe ngqo lohlolo, kubandakanya upuhliso lomqeinqesh;
- Ukudala nokukhuthaza ukuchongwa kwamathuba etalente kumathuba eqondo elilandelayo;
- Ukujolisa kupuhliso Iwamaqela abadlali abasekwe kwisithili kulutsha oluchongiwego, olunetalente olusesezikolweni;
- Ukuxhaswa komelo, amaqela akhethiweyo asekwe kwisithili ukulungiselela ukuthabatha inxaxheba kwiitumente zephondo;
- Ukuxhaswa kwabameli bamaqela akhethwe nasekwe kwiphono ukuba athathe inxaxheba kwitonamente ezikwisizwe;
- Ukuncedwa ngokusekwa, ngokukhuthaza kunye nokuxhasa izakhiwo ezakhiwe kwzithili;
- Ukukhuthazwa kolungelelwaniso namacandelo awahlukaneyo, umz. imibutho emanyeneyo yemidlalo
- Ukulungelelaniswa kochongo Iwetalente kunye nophuhliso Iwetalente;
- Ukupuhliswa kunye nokubonelela ngendlela yokupuhliswa ngakumbi italente yolutsha olusahamba isikolo.

Ukumiselwa kweeNdima nokuthatha uXanduva kwamaQela (WCED ne-DCAS):

Inqanaba loku-1	Kwinqanaba lesikolo: Uthatho-nxaxheba IwesiNinzi Amagumbi okufundela okanye izindlu zokudalela zikhuphisana ukuza neqesha lesikolo kwisikolo ngasinye.	Ngeveki	Yi-DBE / WCED
Inqanaba lesi-2	Ukhuphiswano Iwasekuhlaleni Iiligi zesikolo ngenyanga phakathi kwiningqi yendawo.	Ngenyanga	Yi-DBE / WCED
Inqanaba lesi-3	Ukhuphiswano IweSekethe Izikolo eziPhezulu kunye / okanye amaqela akhethiweyo kwindawo ethile yintsebenziswano ngokukhuphiAn ngeenxa zonke, ngaphakathi	Ngekota	Yi-DBE / WCED

	kwesekethe, ukuba ukhethe isikolo / iqela elifanelekileyo eliza kubakho kwindawo kukhuphiswano lwasithili.		
Inqanaba lesi-4	Ukhuphiswano lweZithili Izikolo eziPhezulu kanye/okanye amaQela aKhethiwego aza kukhuphisana kwitonamente.	Ngonyaka	yi-SRSA / DCAS
Inqanaba lesi-5	Ukukhutshwa kwePhondo ISikolo esiPhezulu kanye / okanye amaQela aKhethiwego / iiMbaleki kukhuphiswano lobuNtshatsheli.	Ngonyaka	yi-SRSA / DCAS
Inqanaba lesi-6	Ubuntshatsheli kuZwelone ISikolo esiPhezulu kanye/okanye amaQela aKhethiwego/iiMbaleki kukhuphiswano lobuNtshatsheli kuZwelone	Ngonyaka	yi-SRSA / DCAS

